Xhosa literature

# E-AMERIKA

U-WELO LUKA

D. D. T. JABAVU

(Um-Ngqika)

LOVEDALE PRESS

1932

# INTSHAYELELO.

Ebutsheni balo nyaka ndenze amanqaku akumashumi omabini kwipepa i-*Mvo* ngotyelelo lwam kwelama-Ngesi nase-Melika ndibalisa ngemicimbi ebendiwelele yona, nezimanga endiziboniIeyo, namabona-ndenzile enditubeleze kuwo, nento ezite zayolisa, nezite zalilisa.

Lite lakupela elibali ndaxokozelelwa kunene ngabalifundileyo, besiti malibunjwe libe yincwadana enokubonwa nangabaposiweyo lipepa, nazizukulwana. Ndibe ngadukisa ndixatisa ngeliti ixesha lise libi ngasezimalini hleze idinge ingatengwa, bandoyisa ngokuti mandiwutembe umzi, baninzi abayakuzenza idini ukukwezelela intengiso yencwadi le.

Batsho besiti nenteto yesi-Ngesi leya ndiyenze e-London iyafunwa nayo.

Nantso-ke bantu bokowetu incwadana, kunye newele layo i-**Native Disabilities in South Africa** yesi-Ngesi ; zombini yi sheleni (1/-) incwadi nganye. Amanyange ati itemba alidanisi ; umqulu ongewele uti onendlebe zokuva makeve. Enkonzweni yesizwe.

Ndim isicaka senu,

D. D. T. Jabavu.

Fort Hare,
August 1932.

# U-WELO LOM-NGQIKA.

Umhla wom-Vulo 23 November ube ngobuhlungu kum nosapo lwam kuba asiyonto ilula ukushiya abantwana isituba senyanga ezintatu uzakuwela ulwandle. Intombazana yam eminyaka mihlanu leya yakataza kunene ngentsuku zokugula kwam e-Jipete ngo 1928 ngokungati indiva ngetuku, itsho kwasika kum yakuti kum " Uz' uhambe kakuhle Tata," xa ndibulisayo kuyo nakwabanye nonina. Estishini ndiyibukile into yoku buliswa ngabantwana bam be Koleji, umtinjana nomlisela namadoda enkundla yakowetu ku-Ntselamanzi, nama pakati am ase Lovedale, babona nabelungu ukuti lomntu upuma ekaya kuba kubeko imipako neyemali yecuba 1s. Miss Njingwana, 1s. July Nakasi ne electric torch endiyitunyelwe ngu-Reuben Mabandla e-Rautini. E-Cradock ndihlangatyezwe lipakati lam u-Rev. J. A. Calata endipatele inxhowa ezeleyo yeziqhamo etsho yantle indlela noko ibishushu ngokwesitovu itreni. Ndifike ngexesha e-Kapa ngolwesi-Tatu sendilindwe estishini zinto zo Mafu no-Kekane bezekuti ndimenyelwe isiyikayika sentlanganiso yombuliso. Kwangoko ndihambe ngezantya ezi ofisini ze *passport* namatikiti ezikepe, ne American Consul kwahlwa ikhulu leponti ebendilitunyelwe yikomiti yase America selibupela kuba nditenge i-Return tickets zodwa, £7 10s. ululiwe wase-Dikeni, £82 10s. izikepe eziya e-England nase-New York, £2 10s. i-American Passport, £1 15s. Head Tax yokuhla e

New York, £1 10s. Exchange. Imini yangolwesi-Ne 26 November ipele ndisagqogqa ezo ofisi, lanqaba nexesha lokuvelela izihlobo kwa-Ndabeni. Umbuliso wam wenzelwe edolopini e-Hope Street Native Wesleyan Church pantsi kwepiko le Cape Penisula Social Club eko amalungu ayo amhlope o ex-Chief Inspector W. G. Bennie nowakwake obatanda egazini abantu abantsundu, no Sir Clarkson Tredgold omnye umncedi wetu omkulu, nabanye endibalibeleyo ngamagama, u-Sihlalo ibengu President Rev. A. Mtimkulu ne-Kgosana no-Nobhala wake u-Kekane, kutsholoza i-choir ye Harmonisers etsho kwahlabusa. Babebaninzi abe Bala abano Mrs. Gow no Councillors Reagon M.P.C., ama-Afrika wona ayizalisa ema ngenyawo kanti awona maninzi nango ezalise izitrate pandle epuma koma Sea Point, Langa, Rondebosch, ada agoduka encamile engabanga nakubona nangefestile. Inteto endiyenze apo icolelwe ngamapepa e *Cape Times* ne *Argus*. Imali yokunceda uhambo olu yenze £1 5s. ebuye yongezelelwa zi £5 10s. ezitunyelwe ngumzi wase Hewu ngo J. A. Sishuba, ne 2s. ka Aloes Moss, 2s. 6d. ka Hlanga ne 2s. 6d. ka Harold Mgwetyana, ndanga isandla ma-Afrika ningadinwa nangomso. Ngolwesi Hlanu ndikwele kwi qhamara lesitemele i Carnarvon Castle, esisesona sitsha nesikulu se Union Castle, izulu emhlabeni wena ngobuhle nobungcwalisa.

* * * *

Lenqanawa i Carnavon yenye yezona zinkulu kwezisuka e-Kapa ziye e-England kuba inokuginya umtwalo wenqwelo (tons) zombona ezima 20,000. Ngenene yonke into yomlungu inenqubela pambili kuba ukuqala kwam ukuwela (ngo 1903) eyona nqanawa yayi nkulu kwezi yayi sisiqingata sale ngobukulu, kwaye akuseko nanye yezo

kunamhla, seyi zezintsha qà. Nemali ikwanyukile kuba ngo 1903 ndawela nge £15, namhla £32, into etsho amagwangqa ayizalisa i 3rd class, yayi mbinana kwi 2nd ne 1st yengcungcu ezimilom' ibomvu. Namhla akuko wumbi um-Afrika ngapandle kwam. Akuko nto imandi njengokuba nabantu obaziyo bakowenu xa unduluka okanye ugaleleka nge nqanawa, kwaye abalibaleki abo ugqibele ngabo o Rev. A. Mtimkulu, J. Mafu, Ethel Tyala no J. Hlanga abada bandifaka emagumbini endisahleli kuwo ndibàla nje. Sinduluke ngo 5 p.m. saqala kwa oko isandi sevili yalenqwelo esingekayeki nangoku. I-Ntaba-Tafile (Table Mountain) eyongamele i Kapa side sayakulala isabonalaka, kumgama 40 miles kwati ngenxa yokudinwa yimisebenzi yezolo ndalala obentlombe ndaza kuvuswa sekusemini ngomatiloshe lisalahlekile itshoba Mngqika-ndini. Ngosuku lokuqala 28 November sixambule 306 miles sayakulungelelana necweba le Gqili. Bafondini, iyabaleka lento, inene. Nge Cawa 29 November ekuseni, sipambene nesikepe esitwele u General Smuts igora elikulu elisebenzela amawalo kuba kakade akuko nkwali ipandela enye ingenatole. Ngolusuku sihambe 395 miles salungelelana ne Pretoria kwasa ngom-Vulo silungelelene nedolopu yakwa Bulawayo, sigqibe 386 miles, kwaza ngolwesi-Bini 1st December senza 384 miles sati nqo nge Livingstonia, kwasa ngolwesi-Tatu 2nd December senze 383 miles siku Latitude 10 degrees nganeno kwe Equator sapambana nenqwelo eya e Kapa xa simalunga nomntla wedike lama Nyasa ; latshisa igala ngoku latsho sancama ngolwesi-Ne 3rd December xa simalunga nomlomo wowona mlambo umanzi maninzi e Afrika i Kongo, 387 miles, lasiyoba sahibaza ilanga ngoku ndabona isimanga abelungu behamba zé imini yonke, amankazana namadoda

eyeke ngezishuba zodwa eventshula ze, ze, ze engenazintloni, amanye ingamaxhonti uboya ematangeni nase zifubeni amadoda emahle ngokwamaqaba andembhelele; kodwa yazintloni imicondo yamankazana kuba ayoyiswa ngabantsundu ngokumila. Ndide ndababuza umbuzo oyingxaki oti kanene nibuyela ebuqabeni-na ngoluhambo ze nokutshaya kwabafazi ? Asinini-na abaqala bati tina bantu bamnyama sihlazekile ngokubhusha ze, masigqobhoke, sinxibe ibhulukwe nebhatyi ,ne lokwe ? Ngoku nenza ntoni ke nina ? Bange baxelelene kuba bagqibele lomini ukunyalasa ngemizimba epandle; banxibile de kube kusasanje. Ngolwesi-Hlanu 4 December senze 401 miles salungclelana nekwápá le Afrika (Cameroons) ngakwi St. Thomas and Fernando Po Islands sabila sangamanyidilili naxa silele ezibhedini. Ngom-Gqibelo 5 December 397 miles saqubisana nolophu lwase Sierra Leone, yana imvula zagaleleka impundulu (sea-gulls) esazigqibela e-Kapa kuba zintaka ezalata ukuti sikufupi nomhlaba ngoku, kuba zonke ezase West Africa zihamba apa ukuzungeleza ingqwiniba ye Afrika. Ngalomhla sipambene kufupi kanye ne Kenilworth Castle esinga ekaya sabulisana ngeqiya (flags). Namhla yi-Cawa 6 December sihambe 372 miles saye sise Cape Verde eyona ncakam ise-Ntshonalanga sesiyishiye ngemva i Liberia ilizwe elipetwe yimidaka. Nobushushu bupelile ngoku.

* * * *

Njengokuba sayamise nge-Ntshonalanga ukuhamba, ixesha liguqulwa yonke imihla. Side sahlukana nge yure ezintatu kuba eyam iwotshi ndiyigcine ngelasekaya ixesha ekuti ke xa sisitya isopolo apa ngo 7 p.m. ibe seyingu 10 ebusuku kwa Ngqika. Ekuyidluleni ingqwiniba ye Afrika lizakubuya licuteke ixesha kuba lenqwelo ibuya yayame

nge-Mpumalanga ukujonga e England. Zombini intsuku malunga ne Cape Verde ne Cape Blanco sigqutyelwe lutuli olusimanga oluvela e Sahara Desert olutsho kwamnyama kwangumfankungu imini yonke, wabe umoya wona wenze eyawo into ukusinqanda ngapambili. Elam igumbi lokulala lakēlwe pezu kwentsimbi yomsila (propeller) lo utyāla isikepe esi ukuba sihambe, into engayekiyo ukungxola oko sipume ingxola njalo e-Kapa. Ite pezolo yakungati iyema bunzima bomoya ndotuka bapela ubutongo ndema ngenyawo lixhala lokuti kuko into eyonakeleyo, ndatandaza kwa oko, wazola umoya yabuya yangcambhaza intsimbi ukujikeleza. Noko andibuyanga ndonwabe. Kuse izolo senze 357 ngom-Vulo 7 December lipelile nebandezi lobushushu. Kubo bonke abahambi ngati akako osebenza njengam ukubhala nokufunda. Kaloku ndibhala uxwebhu lwenteto emandiyenze kwalomhla sehla e England ukubika intlalo-nzima yetu. Ingesi-Ngesi yaye inde kangangokuba sendofuna amacebo okuba ishicilelwe ibe yi newadana ukuba kunokwenzeka. Zikwaninzi nezinye incwadi zokufunda endihamba nazo ukupūmza ubuchopo. Enye yazo ndiyiqale nge Cawa yanditsala ngokuyola kwayo ndada ndayigqiba kwa izolo. Yeyesi-Xosa, igama ngu-*Nolishwa*, ibhalwe ngumfo osele namava ekubhala, u-Henry Masila Ndawo i-Hlubi lase Madadiyela. Ndagqibela nge Tyala lama Wele lika-Mqayi ne Ntlalo ka Xhosa ka Soga ukwonwatyiswa kangaka yincwadi yesi-Xhosa. Ndicinga ukuti wonke oyifundayo wondingqinela ; iyi 1s. 6d. kupela e Lovedale (Postage extra), yaye imapepa ali 126 ubukulu. Ibali (novel) kunye nezafobe zesi-Xhosa elibaliswa ngalo luncutū-Mazangwa ! Ezinye endinazo ze zesi-Ngesi zaye zibolekwa futi ngabahambi aba ndihamba nabo. Banobubele nobuntu ngakum uni-

nzi lwabo. Kubo ndingabalula intombi ye Bulukazi umzukulwana wenjengele ye mfazwe ka 1900. Lentokazi ligqobhoka lalentshukumo intsha kutiwa yi Oxford Group Movement abanga malungu ayo o Professor Brookes no Dr. MacMillan e Pretoria no Dr. D. O. Moorrees. Kwakwintsuku zokuqala besandicezela bonke abantu ngenxa yale Colour Bar lo uze ngqo waza kundibuza umntu endinguye wati ufuna ukubonisa ngam ubunyaniso bengqobhoko yake nokuba atinina amawabo ; ute akundiqonda wancokola wonwaba, ndeva sendinexhala kwa mna ngoku, lokuti hleze amadoda la ayibonayo lento wona engangqobhokanga avukwe bubukwele, andihlanganyele andipose elwandle, kuba noko xa kuze yanye indoda ndingake ndixhatise. Ukususela oko bamane ukundiza ngabanye ngabanye kumadoda, ada acombuluka namanenekazi, bapela ubukheswa kum. Omnye umfo apa uti wayelijoni ngemfazwe yama Jamani epetwe ngu General Smuts e East Afrika bechaswe yimidaka yelozwe ama-Askari ekwalwiswa ngawo ngama-Jamani. Uncoma ukálipo lwaloma-Afrika, nendlala eyayibagqiba emkosini besitya indlulamiti nemiqa yabafazi abantsundu, ngenxa yentswelo. Lincoko elihlekisayo lomfo. Namhla ndibhala xa ndipezu komda we Tropic of Cancer sesikufupi ne Canary Islands. Ngohambo senze 351 miles namhlanje 8 December ngenxa yomoya omkulu nobandayo osibeta ebunzi. Ngenene i 3rd class yangoku apa isetyenziswa naludidi olwalu sakuhamba nge 2nd kudala ; kuba ndifumanise pakati kwalamadoda ateta nam kuko aba-Lungiseleli beli-Zwi omnye ngowase Tshetshi u Rev. S. M. Ross, B.A. wase Rhodesia, umfo onobubele ode aze kutya nam omnye ngum Rabe u Rev. M. Grant M.A. wase Kimberley no Dr. D. W. Brown M.B., Ch.B epuma e Livingtsonia,

no Professor Stammers M.A., Professor of Physiology, Johannesburg University.

* * * *

Ngolwesi-Tatu 9 December senze 323 miles saqala ukuwubona umhlaba owomileyo indlela yetu yacanda pakati kweziqiti ezibini, i-Teneriffe ngase kunene enencolobela yotsolo lwentaba elilitye yonke kuba yadaleka ngokudubula kwenyikima-mhlaba yafamlibe ngesekohlo iyi Gomera ne Canary Island, isitutyana esincinci esi sahlule ezo ziqiti sicanda kuzo. Kuse ngolwesi-Ne 10 December singena e Madeira ngo 6 a.m. semisa senze 239 miles ; ukusuka e Kapa ngama 4,681 emayile. Abelungu aba bayayisebenzisa imali xa beseluhambeni. Oko ndibe pakati kwabo apa abahlukani nenkanti ngokukodwa idyongo ezipuma e Rhodesia zona zinxila de zihambe ngehempe ! Balala bepupa ubhejo (Betting). Yonke lemihla baqokelela ngapaya kwe £2 ukuba babheje ngomgama obalekwe sikepe esi, aze umzuzi wemali abaseze ke abanye batsho ngesitwangatwanga. Inkongozelo yenkonzo ye Cawa yona incinci mpela. Kaloku kokwabanye ngunwayinwayi, kokwako roqo. E Madeira sazala isikepe esi ngama Putukezi erweba ofani ngofani, yanga yimalike yase Parade e Kapa. Sidlule emini emaqanda ukusukelisa i Straits of Gibraltar. Ukujika kwomhla ndibe nenyweba yokuboniswa umashini oquba isikepe esi kuba i Carnarvon yeyokuqala inqanawa kweziya e Afrika equtywa nge oyile yodwa. Kulamafuta kuqeshwa ababaseli aba 20 kupela, ukanti kweziya zihamba ngamalahle kubasela o Wili abali 120 baye benezisu ezingabotshwayo, nezinye indleko. Bendiba ngelam akuseko simanga ndingasaziyo ngamehlo kwinto zobulumko babelungu kuba kade ndizibona imashini ezenza ikomityi, nempampili negilasi, noshicilelo,

njalo njalo, kodwa le yinto eyodwa mfondini. Ndiqale namhlanje ukuyiqonda into yokuba isisu somkombe lo sizinyawo ezima 45 ngapantsi komgangato wamanzi la apandle engamaza adada amahlengesi. Sihle amabanga amane ngeleli ezipakati ematunjini engxakangxaka yemashini engapezulu nakuyipina kwezisila igolide e Rautini, kwesosifutufutu sobushushu akuko ziko kuba kubaswe amafuta odwa, ibe ingxolo yamavili itsho zivingeeke indlebe. Kwou! Makayekwe umlungu, mdala. Uyapupa umntu oti sesimfikelele umlungu ngokucinga, unotshe, inkom' ingazal' umntu. Ndipume ndisiti, ndancama Langa, ramb' elinendevu! Bendingazi ukuti isituba esingange Large Hall yase Lovedale sinokuginywa ngumtyebelekende womashini ogxarele ukuquba ivili enye. Lonto itsho ndasendisiyakulala okwalomini. Ngolwesi-Hlanu 11 December sihambe 375 miles samalunga ne Portugal ikaya lama Putukezi. Pantse ndalibala ukuti e Madeira ndifike ndilindwe sisipa seneowadi ezivela kubahlobo bam e England bendazisa ngentlanganiso abandilungiselele zona kunye namatikiti okungena kuzo. Bazigixe ngangoko benokwenza kuba sixênxe e London ngapandle kwezase Birmingham nase Oxford, ngati bafuna bandifince ndibe likambi pambi kokudlulela e-Melika. Ngom-Gqibelo 12 December ilanga lipume ngo 10 ngokwexesha lase kaya, yaba ingu 7.30 ngelalapa enqanaweni kwaza emini emaqanda sayama kakulu emhlabeni wase Spain kumbombo oyi Cape Finisterre yaluyolo ukubona ilizwe nentaba nezikitshane zabalobi bentlanzi. Namhlanje sigqibe 365 miles. Ubusika bungenile mpela, sonke singene kwezi sitileyo ingubo no Dlamini bedyasi.

* * * *

# E-ENGLAND.

Ukuzola kolwandle e Bay of Biscay nakulo lonke oluhambo kundimangalisile kuba esi sihlandlo sesihlanu ndihamba lo mgama upakati kwe England ne Kapa kodwa aluzange luzole yonke indlela ngokoluhlobo. Lonto yalata ukupendulwa kwe mitandazo emininzi endiyaziyo nendingayaziyo endipelekwe ngayo ngamawetu. Ngom-Gqibelo ngokuhlwa ibe yikonsati equbileyo apa kwa 3rd class, satelelwa nangamachule akwa 2nd class, wanenxaxheba nombhali lo kuba seleqheliwe ngabanye abahambi. Nge Cawa 13 December kuse sigqibe 376 miles sawubona cace umhlaba wase Cape Ushanti. Zimayile ezili 185 ukuyakungena e Southampton nokuhlanganisa ama 5,975 ohambo lulonke. Sifike lingeka pumi ilanga ezweni lama-Ngesi, sadibanisa impahla zetu kwa ngoko sangena kuloliwe ngo 9 ndafika e London ngo 11 sendiputunywe estishini linene elingu John P. Fletcher eliyi komiti ye ntlanganiso zam zonke e London. Eyokuqala idityaniswe nesidlangalala sedinala ngo 12.30 emini ekuhlanganisene kuyo iqela labantu abakulu endibalule kubo ilungu le palamente elingu Rodney Buxton umtshana we Ruluneli leya yayise South Africa mzuzu, kwano Percy A. Molteno isityebi esasingumhlobo kamfi ubawo. Malanga ndibe sinxekenxeke ukupanga inkalo ndifuna izinto ezitile zokunxiba kwanendebe yebhola endandiyitembise ukuyipa abadlali be kriketi besithili sase Dikeni ete yazuzeka kwangoko. Ndihambe umgama omde, 20 miles, ndisiya kuvelela umhlobo wam oligqira endafunda naye kudala endamgqibela ekubuyeni kwam e-Jerusalem ngo 1928. Imincili endifike ngayo endlwini yake ngetemba lokumbona inqume ngokwenqata umkake akundibalisela ukuti

lowomntu akaseko emhlabeni, wasweleka ngo March 1930 yingqele emipungeni (pneumonia). Esosihelegu siyixhele kanobom intliziyo yam, kwacaca ukuti ukufa oku lutshaba ngenene kuba akuketi ludidi lwabudala nabutsha. Ndigoduke sekusebusuku ukuya apo ndabelwe kona kwa Fox e Kensington ndafika ndilindelwe yincwadi yobubele evela ku P. P. Pahlana into yakwa Xaba ebubele bungatshitshiyo kuba undipe impahla zangapantsi ezi fudumeleyo ne umbrella nemali engange ponti ezimbini, ngokomntu ongati uya yazi inxwaleko endihamba kuyo yobufutshane kwezo zinto zonke. Ngenene lomfo akalilo itshipa, ugcine inxowa letu ma-Afrika esipelela kulo. Ngolwesi-Bini 15 December ndibe nentlanganiso ezi ntatu. Ndiqale emini ngo 2 ndagqiba ngo 4. Ibe nabantu abaninzi yaziwa naligqira elidumileyo elintsundu u Dr. Moody nowa kwake neqela lemidaka yase Melika nase West Indies nase West Africa, kwako nomwetu u Princess Irene Makaula ubhelukazi olumlom' ubomvu intombi ka Nkosi u Albert wakwa Bhaca, ote wandibuza ngabantu base kaya. Eyangokuhlwa ibesemapandleni endlwini ka J. H. Oldham M.A. inene elizikataza kakulu ngemicimbi ye Afrika. Ndibuyele e London kusasa ngolwesi-Tatu 16 December ndanentlanganiso e Colonial Office nompatiswa wayo u Malcolm Macdonald unyana we Nkulumbuso ebendinomyalezo kuye uvela ku John Alfred Sishuba wase Hewu ngokupatelele kwiminqopiso yemihlaba yama Mfengu. Ndamkelwe ngo bunene ngulomnumzana. Eyesi tandatu intlanganiso ibeyeyo mdibaniso waba Lungiseleli bama Bandla (Free Church Ministers Club) e City Temple. Iqale ngesidlo esikulu sedinala (Luncheon), yazala indlu yimitika emnyama yalomahlungulu, ndateta ndopela. Eyesixenxe ngo 4 p.m. ibe yeyama Indiya kuba anomanya-

no lwawo apa e London. Ndaza ukupuma kuyo ndamenyelwa edinaleni ya ngokuhlwa yindedebe engu Lord Saunderson nowakwake u Lady Saunderson ngase Sloane Square S.W. Eyesibhozo ibiyeyombuto olungiselela imicimbi yaba Ntsundu base Afrika e St. Georges Road S.W. isihlalo sipetwe ngu Lord Saunderson ngo kwake. Kule ndibonene nabantu ababalulekileyo abanenenekazi eli lilungu lepalamente kwakunye no Rev. Mr. Bottrill wase Pretoria no Mr. Livie Noble opuma kwa lapo, ndayakulala sebusangene ubusuku. Ngolwese-Ne 17 December ndingenise intlanganiso yesitoba kwa Mrs. de Bunsen ebekuko nelungu lepalamente, yadityaniswa nedinala yasemini leyo. Ukupuma kuyo ndisinge e-Edinburgh House ngo 2.30 ukusukela eyeshumi ete yeziwa liqela elipete imicimbi yemfundo yase Afrika. Ukupuma kuleyo ndiye kutya idinala nomnumzana oli lungu le Privy Council u Hon. Hugh A. Wyndham owayesakuba lilungu lepalamente e Natal. Elinene lalindimemele kwase dinaleni ekubuyeni kwam e Jerusalem ngo 1928. Eyeshumi elinanye intlanganiso e London ibe kwi Royal Institute of International Affairs, ebe yeyabantu bodidi bobu Rulumente kuko no Sir F. Luggard iruneli yase Gold Coast. Intlalo-nzima yetu e Afrika ndiyitete ndada ndalila. Leyo nteto izakushicilelwa ibe yincwadana yesi Ngesi ngeligama " Native Disabilities in South Africa."

*  *  *  *

Oko ndite ndafika e London ndisebenze ngokwe koboka. Yonke imihla ndiye kulala emva ko 1.30 wasebusuku ingqele iyiyo yodwa kuba kusebusika. Ndincedwe ngamanqata omzimba kuba ndifike ndityebe ngokwedada, ubuso buyintlama, impahla zingasahlangani kuba ndemka ekaya nesikali se 179 lbs, ndongeza 10 lbs, intamo yangati

yeyengulube, ingasavumi collar. Izimanga zase London ndifike zitate unyawo ngobuninzi bendlela zokuhamba pantsi kwomhlaba e Piccadily Circus, Charing Cross nase Oxford Circus. Ndibe netamsanqa elikulu lokuba inteto endiyenze egameni le Afrika inqakulwe ngamandla ngaba-chola-choli bendaba (Reporters) zamapepa onke ase England yasasazwa yada yazindaba nakumapepa ase Scotland, Ireland, nawase Afrika ngengcingo. Litamsanqa elinqabileyo elo. Ngolwesi-Hlanu 18 December ndiyishiyile i London ndaya e Birmingham ukuya kupumla. Okunene ndiye kulala engekabeti no 10 namhlanje. Ezalapa intlanganiso zibe ngokuhlwa kwalomini nange Cawa kusasa, nangokujika kwomhla nge Cawa 20 December. Ngom-Vulo 21 ndisinge e Oxford, iziko lemfundo elidumileyo ndangenisa zambini apo ukuze zizonke e England intlanganiso zibe lishumi elina ntandatu. Ngolwesi-Bini 22 December ndisinge kwase Southampton ndalala enqanaweni endisa e New York, i " Majestic " (56,621) tons) eyeyona nqanawa inkulu emhlabeni, idolopu ipela wena, " isiququmadevu," into eshiya umkondo obanzi emanzini apo ihamba kona. Isiququmadevu ligama lesi-Zulu eliteta isilo esikulu sasezi ntsomini (irhonya ngesi-Xosa) ekutiwa sasiginya abantu e Nyakato ye Afrika sibatwale ngolwandle siyekubahlanza e-Amerika babe ngamakoboka kwelo. Mna ndite sisiququmadevu esi kuba okunene yeyona nkunzi kwinqwelo ezidada emanzini. Abaniniso yi White Star Line, ubude 915 feet, ubukulu 56,621 tons, Nditemba ukubuya ndibachazele ngapezulu abalesi ngalenqanawa nangezinye ezilandela yona. Bendisati inkulu lenqanawa. Namendu ayo ngawenciniba, kuba ihambe ngoluhlobo :—565 miles, 563 miles, 554 miles, 570 miles, miles, Newfoundland, 565 miles Nova Scotia, yagqibela

nge 481 ukungena e New York ngolwesi-Bini 29 December. Ulwandle apa belushukuma impela nendawo zetu zokuhlala zigungqa kangangokuba ibe yinqaba ukubhala, yilento lamanqaku ndiqala namhla ukuwaputuma, kuba ixesha lawo landinqabela okoko de kube namhla. Ngetamsanqa isisu sam silukuni, namagqira ama-Xosa ayoyiswa ukundikupisa, lonto indincede elwandle ndingaze ndigule. Apa kwi Majestic kwangomhla wokuqala kwawa abafazi, kwalityobo, kwanzima nokufumana indawo yokunyatela xa uhamba kuba isifo solwandle asiniki netuba lokuba umntu ayinyule indawo yokukhupela ngentla. Nobuso obu bomlungukazi busuka bube yenye into xa bufingene, nenwele zite-sa. Sifike e New York emini emaqanda-lisile, kodwa ingqele inkulu njengoko kusebusika. Ledolopu ingange London ngokwenani labantu bayo, 8 millions koko ayinamhlaba weneleyo wokwakela izindlu kuba isesiqitini, i Manhattan. Ngoko abarwebi bayakha isinge pezulu indlu ukwenzela isituba somhlaba. Ndagqibela ngo 1913 iyi Woolworth eyona ndlu ipakamileyo, yona ine opstezi ezikuma 70, ukanti namhla seyishiywa zezinye kulonto. Ekuhleni enqanaweni e New York bekuko nomfana we Bhulu opuma e Monti esiya kufundela ubufundisi e Melika, ote akuqonda ukuba mna ndipuma kuqala waselezidibanisa nam ngetemba lokuhamba lula kodwa ubenelishwa lokusiwa esiqitini sase-Ellis Island okobobusuku. Mna ndikweliswe kuloliwe oya e Buffalo estishini sase Great Central esisesona sitishi sikulu ehlabatini—kuba sine 77 platforms apo i Waiting Room yodwa ingange City Hall yase Kapa, yaye inevenkile zentlobo zonke, nendawo zokuhlambela ekuvuleleke nabantu abantsundu kuzo. Ezinye izanga endizibone apa ngetutyana elifutshane mandizenze umbeko okwa ngoku.

## E-MELIKA.

E New York ndiboniswe eyona ndlu ipakamileyo, i Empire State Building kwatiwa amabanga ayo akuma 75, yi 6s. ukunyukela kwelokugqibela emntwini ofuna ukubonela apo, yaye lemali ingenisa i £1,000 ngeveki. Uloliwe undibize iponti ngebhedi yokulala ne ponti ezisixenxe itikiti, wanduluka ngo 9 p.m. Ubaleke ngokwehashi lidyariwe, ezidlula zonke idolopana ezincinci. Ume katatu kupela kulowomgama wemaile ezi 436, e Poughkeepsie, Rochester nase Syracuse, kubanda nqi likhepu nemkhence pandle, zaye ezidelopu zahlulelene ngekhulu lemayile enye kwenye. Singene e Buffalo ngo 7 kusasa lonto yafana nokuhamba iyure ezilishumi ukusuka e-Rautini uye e Colesberg okanye ukupuma e Monti uye e Brandfort ngapaya kwe Bloemfontein. Apa kuloliwe kute kanti kuko nomtunywa wase England ongu Miss Owen oyalezwe kum ukuba andicele ukuba ndibeko ngo December 1932 kwi British Quadrennial Convention of the Students' Christian Movement leya ndandicelwe yiyo ndala ngo 1928 ekubuyeni e Jerusalem. Ndiputunywe ngomkhango wemoto e Buffalo ndasiwa kweyona hotele ipambili yabelungu yaye idolopu le inabantu aba 500,000. Lehotele ngesiko layo ayingenwa ngabantu abantsundu, kodwa ikomiti yam ibe necebo lokuti kuza indededa engu " Doctor " mna onobukhosi obutile e Afrika, bavumela pezulu. Ngu mnyango wokungena obe luhonyo olujikeleza ezivilini ngamabhaxa amaninzi endite ndimi pakati kwawo ndotuka sendigilwa lelinye ibhaxa lawo ngasemva, landityilizela pakati. Ngapakati ibe lutsotsololo lweholo engumbholompo one kapeti (carpets) ezingangencha, ne ofisi ezamkela ileta nemali zendwendwe, nekhetshi (lifts)

zokunyusa abantu. Mna ndabelwe u Room 837, Floor, 9 indleko yazi £2 10s. ngelanga, ishumi lelemoto, iponti kukutya, enye iponti yi Rent yegumbi, uchwenene wegumbi wena izulwana emhlabeni, izibane (eletric lights) zitandatu, sisodwa esisebunzi ebhedini, esinye sesetafile yokubhala yaye inamapepa nemvilopu ne inki nematshisi yecuba, iyodwa i " wardobe " yokuxhoma impahla, ikwapakati apa kwigunjana elinomnyango walo ibhafu (bath) emhlope nesitya esakhelwe eludongeni esikwamhlope, netyolo lokuzimela, itawuli zisibhozo nesepa ezintsha ezintatu. Lemihla yonke isepa endite ndayisebenzisa, netawuli iyatatwa kushiywe ezintsha zodwa endaweni yazo. Zange ndilibone ichebetyu apa, mfo. Ndanqakwa ngokosana olubomvu, imatrasi zebhedi yam zintatu, epezulu yeyoboya boranisi, into eti nokuba ulele ngecala ingene izizalise intendana zamaqata, nembhande, nezipanga nentamo kungangeni moya, ijike nam ndakuguquka. Ndandingu rulumente kweli. Ndalala ndisiti ndiyibonile namhla into efana nezulu, endofa ndisiti sendilazi kwasemhlabeni, andukuba salibuza ndleleni ngomhla wexilongo lika Gabriyeli.

Kulungile ukumenywa yikomiti yama gwangqa amxabisileyo umntu nokuba umnyama. Zingama 20 i opstezi zeHotel Statler le, i room zendwendwe 1,100, i telefoni 1,100, i radio, 1,100, i private baths 1,100. Yihotele yezityebi zokugqibela. I room nganye ine " Radio " yayo oti wakuyivula uve kubeta ingoma namagubu api-pi-pi e New York, Calfornia, Philadelphia njalo njalo atsho ange asezulwini. Intlanganiso yayingenela kwingxebekulula yendlu egama liyi " Buffalo Auditorium " enembhalasane pezulu, ehlala abantu abangama 5,000 enegalali ezifana nezesekisi ezime ngentungo. Xa uteta paya eqongeni

isiteti sijonganiswa neqagana elingange wotshi elitungelene nengcingo ze electricity netelefoni, ilizwi lomteti lihambe ngezongcingo liyekupuma entungo ngebhekile ezikangele ezantsi ebantwini, bona beve ngati kuteta umntu pezu kwentloko zabo apo bakona, engapakamisi kuyapi yena paya epulpitini. Ecaleni lesithethi zintombi ezimbini ezinqakula onke amazwi entetho le ngemashini ebhala i shorthand pofu ifana ne type-writer, ngengomso ibe seyishicilelwe yonke into oyitetileyo. Ngelinye icala kutsholoza i choir enxibe iminweba ebomvu etsho kubese paradesi. I-Amerika lilizwe lezimanga nezanga ongeze uzalame nase England.

* * * *

Uloliwe wase Amerika wahluke ngendlela eziliqela koweli. Amakareji ahlaliwa ngabantu ngababini njengo tram, umntu ke angabinakungqengqa ngapandle kokuba arole iponti yokungena kwi Pullman Car yangobusuku yona inebhedi zokulala. Intloko (engine), locomotive inkulu le kunezalapa, ikwelwa ngeleli yentsimbi ngababaseli inentsimbi efana neyetyalike ebetwa xa isondela idolopu, umlozi wayo ufana nowenqanawa into etsho ngati sililo somntu ofelweyo. Amendu nawo angapaya ; qonda xa ndisiti ubaleka 1,000 miles ngemini enye nobusuku bayo, ukupuma e New York ukuya e Tuskegee okanye e Chicago. Yilonto sisuke ngo 9 ngokuhlwa kwasa sesise Buffalo 436 miles ngo 6 wakusasa, idolopu engange Rauti ne Kapa, apo ndifakwe kucwenene wehotele i Hotel Statler. I Komfa le ye Student Volunteer Movement ngokwesiqelo iyiwa ngabatunywa aba 6,000 kodwa ngenxa yobunzima ezimalini nonyaka babe 2,3000. Mna ibenkulu naleyo. Isiteti sokuqala ibe ngu Dr. E. F. Tittle D.D. LLD., wase

Illinois isisusumbha sendoda ngesibili, igqomo-gqomo ubude, impuncula entloko, ingqongqoto ngobuciko. Itekisi yake ibe ku Tolstoi : " God is He without whom one cannot live " (u Tixo ngulowo kungenakuphilwa ngapandle kwake ngumntu). Ute ixesha esikulo namhla lelitande ukumlahla u Tixo lisukele onomtatsi (Jazz dancing) nokulahla izimilo, kodwa ngoku ngati kuza inguquko watsho eyaleza ukuba sifundisise i Ndumiso 75 apo kucacileyo ukuba u Tixo lo ukho, uyaceba, enze, agqibe. " Kwi Testamente endala u Somandla wasebenza ukulondoloza umthetho wehlabati ukuba ume uqine. Kule Testamente intsha umsebenzi ngoka Kristu oweza kufuna nokusindisa abalahlekileyo. Kunamhla aziseko, zifile izikumkani zase Babilone ne Asiria ne Jipete ne Roma ukanti u Amos usathetha yena nangoku esiti, " Let justice roll down as waters' " (ubulungisa mabuqengqeleke njengamanzi). No Yisaya usalishumayeza ilizwe ukuba lijike izixhobo zibe ngamakhuba okulima. U Sawuli ujike wangu Pawulose ; inkohlakalo, ububhovubhovu bujikwa bube bubele. Ilizwi namhla libulawa kunyoluka (selfishness) nokutiyana ngobuhlanga. Lilungiseni ke." Ngamajubelo lawo entshumayelo eyatsho sabambhelela ezidleleni. Ukusuka apo kuyiwe edinaleni ikhepu lenze into yanye ukuwa, kuvutuza umoya obandayo opuma ngakumlambo i Niagara edibanisa amadike e Eerie ne Ontario kwakufupi. Mfo, kwakubanda nqi. Malanga inkomfa le yahlulahlulwe yazintlanganiso ezingama 40 iyileyo yonganyelwe yinkokeli yengqondi eyaziwayo ehlabatini. Nanzi ezonkokeli :—Dr. J. R. Mott, LL.D. ; Dr. T. Z. Koo, Ph.D. (i Tshayina), ibengumna, Dr. O. M. Back, D.D. ; Dr. K. L. Butterfield, LL.D. ; Dr. W. O. Corver, D.D., Dr. A. H. Clark, D.D. ; Dr. R. E.

Diffendorfer, D.D. (esasinaye e Jerusalem), Dr. C. T. Loram, Ph.D. lo wayekweli, Dr. L. Dixon, D.D. ; Dr. D. J. Fleming, D.D. ; Dr. C. D. Fulton, D.D.; D. F. Goodseli, D.D. ; Dr. P. Harrison, M.D. ; Dr. H. Hodgkin, M.A. ; Dr. S. Inman, LL.D. ; Dr. T. Jesse Jones,Ph. D. (umhlobo ka Dr. Aggrey); Dr. W. Judd, M.D. ; Dr. K. Latourette, Ph.D. ; Dr. P. Lerrigo, M.D. ; Dr. J. A. Mackay, D.Litt. ; Dr. F. J. McConnell, Ph.D., D.D., LL.D. (iciko lase Jerusalem) ; Dr. W. Miller ; D. J. Murray, D.D. Dr. K. Page, Ph.D. ; Dr. W. Smith, M.A. ; Dr. Robert E. Speer, D.D., LL.D.; D. Litt. (lowa washumayela salila e Jerusalem); Dr. M. Stauffer, D.D. ; Dr. E. F. Tittle, D.D., LL.D., (esendimkankanyile); Dr. E. Wallace, D.D., LL.D.; Dr. Winnifred Wygal, Ph.D. (intombi) no Dr. Simuel M. Zwemer, D.D., L.LD. ; (lowa ndalala kwake e Cairo, Egypt ekubuyeni ngo 1928). Elam iqela lalimalunga nekhulu labantu, ingxoxo yetu ingokuhlalisana kwezizwe ezimnyama nezimhlope (Black and White Race Relations). Ngokwamagama abo endisenawo nangoku yayizityudin, nabantu abadala abavela kwezindawo Alberta, Ontario, Toronto, New Brunswick, Canada, Illinois, Pennsylvania, New Jersey, Kansas, Texas, West Africa, Oklahoma, West Indies, Carolina, New York, Georgia, Chicago, Boston Massachusetts, Yale, Connecticut, Harvard, Montreal, Indiana, Rhodesia (Africa), beliqela nabantsundu. Kulentlanganiso yam ndamelwa kuvula ngentetha (Lecture) ende yonke imihla ndifundisa ngentlaliswano ye South Africa, kulandele ingxoxo nemibuzo ndibhale ebhodini izigqibo esifikelele kuzo. Ngumsebenzi endawufumana unzima kanye kuba ndandiqubisene nabantu ababuchopo bukhali ukufuna ulwazi nokuncina ngemibuzo, kuti sigqiba ndibe sendidinwe ndalikambhi

ukuya kutya isopolo. Ngosuku lokuqala izithethi yaba ngo Dr. Page no Dr. Koo.

* * * *

Ngokuhlwa kolosuku lokuqala (3rd December) kwavulwa sisithethi esingu Dr. Kirby Page, Ph.D. ngomcimbi wokucikida ingcambu zoluntu lwanamhla ("Humanity uprooted,") itekisi yake isiti "Intando yako mayenziwe emhlabeni" ("Thy will be done on earth.") Uthe lamazwi siwatandaza roqo kodwa singayenzi intando ka Tixo kuba sitanda eyeyetu. Yiyo le ibangele ukuba izityebi (millionaires) e Melika ngo 1929 zibe ngama 38,000; kwaye ngo 1930 amadoda angenelwa ngama £50,000 ngonyaka ebe 19,000; namhla lugqatso pakati koxolo nemfazwe, pakati ko-Mayizole no Mayitshe; izizwe zikohliwe kukuyoyisa inkohlakalo yobumenemene, neyesimilo, nonyoluko, nokutiya abolunye uhlanga. Lendoda ityabule iyure yonke ileqa ukuthetha, baxakwa nabacholacholi (reporters) buninzi bamazwi ake. Ngo 9 kulandele u Dr. T. Z. Koo, Ph.D. eyona ngqondi ipambili e China ngemfundo, nengumonganeli we World's Student Federation. Uthe, namhla ubulumko behlabati lonke bupelelwe ngamacebo okulungisa urwebo, nokutyisa bonke abantu, nokulawula ngobulungisa. Kubuywe umva e-ntlalweni eyabintle mzuzu yomtshato ongcwele, namakaya anobu-Tixo, nengqobhoko nengqeqesho yoluntu entweni zomoya. Yintonina iyeza lolu-buyo-mva? Libandla lika Tixo kupela elinokunceda xa uluntu luzimisele ukululamela i Nkosi. Ingozi yetu yivili eqala ngerafu zempahla pakati kwa mazwe (tariffs), nemida yamazwe emiwe ngezixhobo (fortified frontiers), nokuxhoba (armaments), nemfazwe. Tina ke masisebenze ukuliqhekeza elovili ngokufundisa uxolo notando no ncedano (co-

operation). Ibandla (church) malingahlulwa noburulumente (state). Endaweni yokufuna tanci ubukumkani bezulu uluntu luqala ngento zobuboni ; ilapo ke ingozi yelizwe namhla. Lomfo uyityebise ngobuciko obumangalisayo into apezu kwayo walahla ngo 10, sayakulala sebusangene ubusuku sidinwe sangamatyengetyenge. Kuse ngolwesi-Ne 31st December, sivukela enkomfeni izithethi ingu Dr. Oscar M. Buck, D.D. nom-Ngqika lo, betetha ngemo yenqubo yeli-Zwi ezweni lanamhla ("A critical Appraisal of the Missionary Enterprise in the Light of the Present World Situation"). Kuvule u Dr. Buck ebonisa nge nqubo yase Indiya, andabinako ukuyigcogela eyake inthetho kuba bendihleli esigqebeni (platform) ndichopele ukulandela akuyeka. Uqale ngo 9.40 walahla ngo 10.10, mna ndatabata ngelolixa ndagqiba ngo 10.40. Bendicelwe ukuba ndicacise inqubo yaba Lungiseleli abamhlope (white missionaries in Africa) ndibonise apo yanelisa kona nalapo ingahlutisiyo ndixele nokuba basafunekana ababantu e Afrika, njengoko kwasoloko kubutwa imali ezingapeliyo zokubatumela, njalo njalo imibuzo leyo endihambise emeveni, ingxaki wena, ndalinga kambe ngokubenzela ibali lemisebenzi yabafundisi bokuqala nomsebenzi wokusidalela izikolo nesinala. Ndite elangoku ixesha libonisa ukuba sebeko ngokwaneleyo aba Lungiseleli naba Vangeli naba Shumayeli abantsundu bokugqoboza amawabo, into elilisayo kukubandezwa kwabo amalungelo okuzilaula emsebenzini wabo, nokunqapela kwemfundo eyaneleyo ukubabeka emgangatweni wokuziqubela ngokwabo emsebenzini. Mabini ama-Bandla asincedileyo kwezonto, yi Order of Ethiopia ne Bantu Presbyterian Church. Elipambili kuma Bandla azipeteyo ngama Africa ka Mzimba (Presbyterian Church of Africa). Kwa-

manye wonke umfundisi omnyama usalawulwa ngokwesicaka somfundisi omhlope ngendlela yokungati loato imiseleke ngokungenasipelo. Kubafundisi abamhlope ndithe abafunekayo ngabafundisa izinto ezilungelelene nexesha esikulo : ulimo, njengo Dr. East ; nokusilwela kwimpato erabaxa ka Rulumente, ngenje Bishop of Pretoria ; nabanqaki bolutsha, njengo Rev. Ray Phillips e Rautini no Rev. Max Yergan ezisinaleni ; njalo-njalo. Okwe Bhaibhile yodwa, sanele ngabantsundu. Ubuninzi babelungu abapakati kwetu zingqola nabahedeni. Bafuneka apo ke abafundisi abamhlope (missionaries) namhla. Zingongoma ezo xa ndizishiya ezinye indawo kuba zingazalisa lonke ipepa. Ibenkulu ngokoyikekayo ingxoxo nemibuzo evuselelwe yilentshumayelo kwabonakala ukuba abantu abawothusileyo umzi ngu Dr. Koo nombhali lo kuba asibuyanga sipumle emva koku sabawelwa ngababuzi nabanye abafuna sihambele idolopu zabo, besiti baruqukile zi Missionary ezasoloko zililisela ngeliti abantu abamnyama zingqola nabahedeni abanikwa ingcolileyo nabangahlambulukiyo. Ukupuma apo ndiye kwenza enye intetho ebanzi kuleyambhutho ndabelwe yona yemicimbi yokuhlalisana kwabamhlope nabantsundu yada yabeta idinala silapo sixoxa ngomahluko wezozizwe, nocalulo-bala emisebenzini, nase mfundweni ; nokwendiselana kwabantu balomibala, saxoxa kunene namacebo okudala imvisiswano yezozizwe pakati kwezongxaki. Ukujika kwomhla lide latshona ilanga ndipendula imibuzo yabantu abaninzi abandizele kwihotele yam ngezondawo, isopolo ndayitya umzimba udinwe wanga ngowenkukhu enethileyo.

* * * *

Ngokuhlwa kolwesi-Ne 31st December 1931 kushumayele u Dr. J. A. Mackay, D.Litt., Professor of Metaphysics

and Philosophy, Marcos University, Mexico ngomcimbi we Nqubo-Lizwi (Effective Missions To-day). Yena uqale ngo 8 walahla ngo 8.50 esicazela ngokuqutywa kweli-Zwi e Brazil esiti yingxuba-ka xaka kwelozwe ukuzekelana kwabantu bentlobo ngentlobo ama-Japan nama-Afrika nabelungu into etsho kubhastile amabhastile ibe ngumvubo. Ulandelwe ngu Dr. P. W. Harrison, M.D., M.A. igqira lase Arabia elinike incazo ngelozwe. Sipume ngo 11 saya kwinkonzo yomlindo engenele kwi opstezi ye 17 e Hotel Statler siyinkungu nelanga ubuninzi betu apo kwinkonzo ezuke kunene yomtandazo, wasifumana silapo unyaka omtsha sitandaza, sayakulala emva ko 1 ebusuku, lisiwa nqi ikhepu. Ngenyibidyala ndalatelwe ukuba ndishumayele ili-Zwi kwixilongo le "Radio" elayisasaza lontshumayelo yam nemitandazo kubantu belizwe lonke lase Melika nakubeni ndingababoni ngamehlo. Njengokuba lonto yenzeke ngo 8 wakusasa ndipantse ndaposana ne Breaskfast kuba ndiyitye ndimi ngenyawo ndisukelisa ingqungqutela engo 9 kumgama omde apo imoto endisa kona ihambe ityibilika pezu kwengqweqwe nomkence ngohlobo olulumezayo, ndaqonda ukuba sendigcinwe yimitandazo yabantu bakowetu ukusinda kwezingozi. Ngo 9 kusungulwe umcimbi wokupeliswa kwezixhobo zemfazwe (Disarmament Conference) ote wanyulelwa izithethi ezithathu. (1) Miss Caroline Ziegler, M.A. oncome icebo le League of Nations. (2) L. Tucker, M.A. iciko lomfana ote sisono imfazwe le. Tina ma-Krestu masiyigxote pakati kwetu yonke ingqeqesho yamakwenkwe elungiselela ukulwa. Ute akuncedi luto ukuba i America ibeyinkokeli kwingxoxo zoxolo ukanti yiyo ekokela imfazwe yorwebo lwelizwe ; kuba imfazwe isusela ekungavisisanini kwinto zorwebo. Mawalamle ama-Krestu. (3) Professor R.

Harlow, Ph.D. Lendedebe ite lulutsha omaluthethe kuvakale kuba kuqala kuxabane izilawuli ezingayiyo paya emfazweni ize zisuke zitumele ulutsha obelungeko nakwingxoxo ezibangele ingxabano. Lomfo uyityebise kunene intetho yake wayeka kufupi no 11 o'clock yanganangxashingxashi kuti ukusukela ezetu intlanganiso ezite zapuma ngedinala. Namhla ndibe ngummenywa kwisidlangalala sesidlo sabatunywa abapuma e Southern States kona Alabama, Texas, Mississippi, Georgia, njalo-njalo e Lafayette Hotel apo ndenzelwe imbheko engumangaliso nokuxatyiswa. Ngokuhlwa ibendim isithethi esipambili e Komfeni ndagongqoza iyure yonke ngomcimbi wenqubo yeli-Zwi e Afrika (Effective Missions in Africa). Bendicelwe ukuba ndibalise ngomsebenzi owenziwa ndim ngesiqu nonkosikazi u Nolwandle ukupakamisa isizwe kuba imvakalo yoko ite kanti ibanzi e Melika. Hai-ke andibanga nangqambhu elulwimini. Ndiqube ndagqoloda, ndinika incazelo ezeleyo ngemanyano endiquba zona zabalimi, netitshala, nabavoti, nenkosi, nempilo, novulindlela, nolutsha, nobunzima bokukhokela isizwe esilandela nzima ngenxa yobuciko babachiti abazonde yonke into engumgudu wabantu abantsundu. Ndibaxelile ngamagama abafundisi bohlobo olufundisa ama-Afrika ukuziqubela pambili o Ray E. Phillips, Max Yergan, L. Mzimba, J. E. East, Prof. Edgar Brookes, Bishop of Pretoria nabanye, iduma kakulu intlanganiso luvuyo lokuva ngama Afrika akalipileyo. Andingebi nakuyicalu-calula balesi lenteto kuba ibipuma esiswini esizeleyo bushushu. Ndibone xa sendibuliswa ngemihlali zindidi zonke zabantu zaye zisaroze njalo nanamhla incwadi zababhaleli belozwe abavuyisana nam ngayo besiti mandibuye ndiyekuyishumayela kundawo ngendawo zobubanzi belozwe. Sebeli-

bele ukuti ndiqeshiwe apa ekaya ndinosapo emandilondle. Ngenene imitandazo yamawetu ipendulwe ngokuzeleyo kuba nam ndivile ukuba akusathethi mna sekuthetha umlomo nje wam into epuma kwabasekaya. Emva kwam kulandele u Dr. W. M. Miller umvangeli wase China, kodwa andibanga nakuyichola-cola inteto yake kuba ndandihleli esigqebeni. Kwangobo busuku kweza inyambhalala yo Nikodimo egumbini lam ehotele ize kubonisa uvuyiswano nokwaneliswa yi Lecture yam kwanokubuza ngamatuba okuzakusebenzela impilo apa e Afrika, bako nabantsundu, umlisela namaledi, wada omnye u Maneli ontsundu wati ebengazi ukuba inqubela seyihambe kangaka e Afrika. Soloko babaliselwa ngobuqaba nobudenge bama Afrika.

* * * *

Um-Gqibelo 2nd January ube yimini yemini. Kuse imhlope yonke idolopu yase Buffalo liliqhwa elikhithike nzima ngepezolo, sachachateka yingqele. Ingqungqutela ivulwe ngesigqhazolo senteto yobuciko obusavakalayo ezindlebeni nanamhla ngu Dr. John R. Mott, M.A., LL.D. umongameli wenkomfa yase Jerusalem, intloko yalo lonke ihlabati eli kwezonqulo lobu-Krestu, inkunzi yamaciko emhlabeni, inkokeli yomanyano lwamadodana (Y.M.C.A.) njalo-njalo. Uqale ngo 9.45 wayakulahla ngo 10.45 etsho ngomtyabulo omnye wentetho ecikizekileyo engati ifundwa encwadini ukuyola kwesi Ngesi sayo namagaqa abalulekileyo engqondo yokucinga okunzulu nolwazi ngemeko zamazwe onke, umfo eleqa ukuthetha ndaqonda ukuti namantombazana abeta i shorthand-typewriter ayoyiswa kuphathelela. Nase Jerusalem akazange enjenje u Mott. Utsho ndancama namhla. Umcimbi wake wawunge Kamva lokukanjiswa kweli-Zwi (Missions of the Future).

Nam ndabhala ndada ndadinwa ndoyiswa. Ingongoma ibe zezi :—Ukusungulwa kolumanyano lwenqubo-Zwi (Student Volunteer Movement for Foreign Missions, ngo 1886 eseyi ndodana, nyakana kwakuhlangene ama 251 abatunywa batandaza iveki zone gqolo yaza isipumo yaba sisifundisi sodidi lo Dr. Zwemer, Dr. Robt E. Speer, naye, nabanye, injongo ikukushumayela u Krestu emnqamlezweni okokuba aziwe, atandwe, atotyelwe, atenjwe. Ute kunzima namhla ukukokela kuba ilizwe lisutywe kakulu ziyolo, nentiyano yentlanga, nogonyamelo, ekufuneka ke ngoko ubukholwa obunzulu ngakumbi, nobuvangeli, nokuceba, nokulungiswa kwentlalo yezizwe njengoko atshiloyo u " Doctor " Jabavu pezolo, noku tenjwa kolutsha nabantsundu ekuzipateleni umsebenzi weli-Zwi, nokuzenza idini, kuba no Krestu watemba abapostile ebutatakeni babo. Batembeni abantsundu, bafundiseni ukuwulaula nokuwupata ngezabo izandla umsebenzi weli-Zwi, niyixolele nelahleko eyobako ekuqaleni. Yabelanani nabo ngolwazi namva. Namhla kufuneka imfundo yohlobo olutsha kwi Missionaries, imfundo yolimo, neyentlaliswano yentlanga, neyosapo, utsho wazikankanya zangama shumi amabini anantandatu, yasimanga into yokungqinelana kwalentetho ne yombhali lo ngepezolo. Akugqiba ulandelwe ngu Dr. James Endicott umhlobo wam endandihleli emva kwake e Jerusalem, yena uyeke ngo 11.30 exoxa isiqu som-Lungiseleli nomsebenzi wake (The Mission and the man). Ngenjikalanga yonke i Komfa idale umkhoka ngololiwe ukuya kubona ingxangxasi ze Niagara, mna ndanetamsanqa lokusiwa ngemoto sihlobo u Dr. Hungerford, ilizwe limhlope qwa likhepu. Ububanzi bomlambo bungange Gqili lipindwe kathathu xa lizele, ubunzulu 20 feet, ingxangxasi ziwa 167 feet ngo-

mgqumo ongumangaliso ongati yindudumo ya amanzi abetha elulwalweni ezantsi. Ekubuyeni ngokuhlwa isopolo ndiyitye kwa Dr. Theodore Masiza Kakaza ohlala e 408 Clinton Street, Buffalo, N.Y. enom Sutu ongu Tsoletsi osasaziyo isi-Sutu kuba u Jwara yena akasasazi isi-Xhosa noko esiqonda ngendlebe apendule ngesi Ngesi. Wawela ngo Lindipasi 1896, wahambela ekaya e Bhai ngeyama Bhulu 1903 wabuyela unanamhla. Selengwevu, waye engumcephe ucandiwe ukufana nodade wabo u Mrs. L. Mzimba e-Dikeni endemka ekaya evelele u Nolwandle ngemicinjana yabo. Kaloku bazalwa ngumfi u Rev. Gana Kakaza. Yayintswahla ke wena ukudibana kwetu. Unomfazi oli-Melika-kazi lebala koko abanabantwana. Ndimshiye ngo 8 ukusukela i Ngqumgqutela apo isithethi ibe ngu Mgcini-Sihlalo u E. Fay Campbell ote wenza incazo ngemali zomanyano olu, wasekelwa ngu Dr. Jesse R. Wilson oyena nobhala wayendimemele apa e-Melika, ilunga lenene, kwa no Dr. W. H. Judd, M.D. igqira lase China elaqala ngo 9 kwada kwadlula u 10 lenze umtshotshobelo omnye, sayakulala sidinwe sangamatyeketyeke, kubuhlungu nentloko. Kuse iyi Cawa 3 January ipulpiti zase Buffalo zonke izezetu, mna ndaya kushumayela kwi tyalike nkulu yabamhlope e Delaware Road, ndagongqoza ke wena. Malanga ndayakushumayela kweyabantsundu base Baptist, yazala kwemiwa ngenyawo, ndaye ndiqala ukubonana nabantu abamnyama njengam, ingabo bodwa, elapo no Dr. Kakaza endiye kuyitya endlwini yake isopolo yalomini. Emva koko sipulapule intshumayelo yomvangeli wodumo u Dr. Billy Sunday eshumayeza ama 5,000 abantu ngelizwi elidlula nelika Mvangeli Jonathan Mkwane endamcinga kunene lomini ngesosizatu, kanti ndiva ngetuku okokuba ngulomhla alishiyayo ihlabati umkonzi

omkulu we Nkosi, ndingazi nje. Salala obungahliyo ngobobusuku kuba sasiqokelela impahla zetu, njengokuba ipelile i Komfa mna ndisiya kujwebevu lomjikelo wokushumayela kundawo nge ndawo e Canada nase U.S.A. ndisetyenziswa ngokwenyati.

## UM-JIKELO.

Ukushiya i Buffalo (enabantu aba 500,000) ngentsasa yom-Vulo 4 January 1932 ndihambe neqela elazalisa ulolive wonke oya e Canada sabehle sawuwela umda we Niagara sangena kwelezithabazi zamathafa alinywe i-ngqolowa, zefama ezinkulu ngokwezama Bhulu ase Free State, safika e Toronto (ebantu ba 280,000) malunga e-mini emaqanda. Ukupuma estishini sihambe ngenyawo pantsi komhlaba ngesitrata esibengezelayo saya kungena ehotele i Royal York, eye yona hotele inkulu kumazwe alawulwa ngama Ngesi, izulwana emhlabeni, wena, into eyatsho ndadideka andayazi apo iqala kona kwa nalapo ipela kona pezulu, pantsi, macala. Ngelishwa i umbrella endandiyipiwe ngu Pahlana yati kanti ndiyilibele kuloliwe yaba kupela njalo. Ekubeni sihlambe utuli lwendlela ndidityaniswe no Dr. T. Z. Koo sazindwendwe zodumo (guests of honour) esidlangalaleni sedinala kulochwenene wehotele pakati kwabelungu bodidi, amalungu epalamente neprofesa, namagqira, nabafundisi, namagqweta, sateta satsho babambhelela ezidleleni siphicota intlalo yezizwe esipuma kuzo e China nase Afrika. Malanga ndiwujikeleze kunene lomzi walapa, ndaqala nokufumana ituba loku bhalela ekaya. Ngokuhlwa sithethe iyure ezimbini kwityalike (yabelungu) ehlala i 1,600 yaye ime ngomtwebeba,

ndamshiya apo u Dr. Koo ndayakulaliswa kuloliwe wobusuku osinga e Ottawa, ikomkulu lase Canada, (ebantu ba 100,000) apo ndifike ngolwesi-Bini kusasa ikhepu ligqumelele yonke into, nezindlu ezi. Ndiputunywe ngumfo ongu Mr. A. A. Crawley igqweta, ondise endlwini yake esezintabeni ezifana nezakwa Matole, amavili emoto yake ebaleka kwimisele enzulu yekhepu, samana ukuyivula ngomhlakulo indlela yakuxinga imoto. Ndipateke kakuhle emzini walendoda ndigcinwe ngamanzi ashushu nemililo esithileyo ne ngoma. Zibe mbini intlanganiso apa, eyokuqala yasemini emaqanda ndilundwendwe lozuko edinaleni (Luncheon Guest of Hounor) yamadoda e Y.M.C.A. apo ndenze intetho ebanzi. Malanga ndiboniswe amapoma ezindlu ze Palamente kuba esi sixeko silikomkulu le Canada yonke. Ngokuhlwa ndithethe kwi Chalmers United Church edibanise zonke imvaba, abantu beli 1,500 izele yema ngembhambho indlu yaza lontetho yapuma ngokuzeleyo epepeni lakona i *Ottawa Evening Citizen*. Ekuseni ndivukele kuloliwe osinga e Montreal eyona dolopu inkulu e Canada, yaye inabantu abangama 300,000. Ndifike emini ndihlangatyezwe kwa loliwe ngabafundisi ababini o Scott no Goodwin abate kwangoko kum maze ndizilungiselele ukungenqeni ukuthetha kuba ndimenyelwe ezona ntlanganiso ziqhubileyo nezinkulu, aye namapepa edolopu ezele yimifanekiso yam nomncomo kuba ndiditvaniswe nomhlobo wam u Dr. T. Z. Koo wase China, yaye iyiveki yomtandazo jikelele. Okunene ndenzelwe isidlo esizukileyo sedinala yabantu abakuma 200 odidi olupezulu lwamagwangqa angenayo mpela i " colour bar." Inene elali nyulelwe ukundichaza into endiyiyo latsho kakulu, ndamangaliswa kukuba umntu ohlala kude kangaka ayifunde ayazi yonke into endiyiyo

kowetu. Emalanga ndiboniswe izimanga zebloro eziwela i St. Lawrence River ndiboniswa imidlalo ye " tobogganing " ne " ski " izinto ekuhliwa ngazo ezintabeni pezu kwekhepu, umntu abaleke ange unamapiko. Eyangokuhlwa ingenele e St. James United Church idibanisa zonke imvaba yaba yeyona inkulu kuzo zonke kulomjikelo, abapulapuli bengamawaka amabini anamakhulu amahlanu, usihlalo ingu Bishop Farthing epahlwe ngo Dr. F. Scott Mackenzie, Dr. M. F. McCutcheon, Rev. W. H. Goodwin Rev. Dr. L. C. Douglas, Rev. C. M. Stewart M.A., no Dr. R. D. Scott. Kuzo zombini ndithethe ndashiya endingalaziyo. Yonke longinginya yabantu emva kwentshumayelo yam ihle ezigalali yaza kundibulisa ngezandla, ndaxhawula sada saphantsa sadumba isihlahla ndagqiba ngo 12 ebusuku ndaya kulala ndifile kudinwa nokucubhuka inyoloba nomqolo, imilenze yona igamatyeketyeke. Haibo, ndasebenza gqita kulomjikelo, yasimanga ukuba ndingaguli ngumqala zintshumayelo ezingaka. Ngolwesi-Ne 7 January ndafakwa kwakusasa kuloliwe owahamba imini yonke ndayakungena ngokuhlwa e Boston, Massachusetts isixeko esibantu bangama 800,00 apo ikona i Harvard University yodumo, isixeko sezityebi ezikhulu Apa ndafikela emzini omkulu wabafundisi abandipata ngobubele bendlezane. Kwatiwa mandilale kakuhle kuba ndizakusebenza intlanganiso ezine ngengomso.

*   *   *   *

I Boston sesinye sezixeko eziliqhayiya kuma Melika ngenxa yenqubela yaso empucukweni nasemfundweni, nakwingoma, naseli-Zwini kuba sasekwa ngamakholwa awagxotwa zintshutshiso e England, lomakholwa aziwa ngokuba zi Puritans ne Quakers, abantu abazama ingqobhoko enenyaniso. Ngolwesi-Hlanu 8 January kwaku-

sasa ndangungwa ngaba chola-choli ndaba bepepa lakona i *Boston Globe* awazalisa kwa oko amapepa ngemifanekiso yam nencazelo yezwe endipuma kulo. Ukwahlukana nabo ngo 10 ndiye kwinkahlukazi yomjikelo wabafazi betyalike zonke zabamhlope. Ndawisa intshumayelo e-bumvuselelo kubo e Pilgrim Hall, 14 Beacon Street, igama labo yi Women's Work Department of the Congregational Conference and Missionary Society. Bavuya kunene bakuva ngomanyano lwabafazi e Afrika, naxa ndibayaleza ukuba badibane ngenewina nokhomokazi lwakowetu e-ndalushiya lunditandazela. Ngo 12.30 emini ndenzelwe imbheko yentlanganiso edibene nokutyiwa kwedinala (Luncheon Address) ndashumayela iyure yonke nalapo. Malanga ndiputunywe ngabantu abantsundu abashuku-nyiswe likhwele elingewele lokuba nabo ndibavelele ezi ofisini zabo, yaluyolo kum ukubona impucuko yenene yamawethu anevenkile zawo namagqira namagqweta odidi baye besiti bayamazi u Sol. T. Plaatje kuba wayehleli kubo ngo 1924. Ngo 6 ndibukwe nge ngxwabilili yedinala kwenye yehotele ezipambili, isihlalo sipetwe ngu Rev. A. V. Bliss, ndathetha iyure yonke. Ukusuka apo ndiye kweyona tyalike inkulu i Park Street Church, usihlalo Dr. A. Z. Conrad ndashumayela kwada kwasezinzulwini zobusuku beko kanobom nabantsundu, yangumsebenzi ote nqi ukuxhawula izandla nemikhoka yabantu ababonise utando lwenene lobu Krestu abanye bendifumbatisa ne-malana zomphako ezaba luncedo kuba bendingabonani nokubonana nelotyi njengomntu olawulwa yikomiti. Uku-suka apo ndiye kulaliswa kuloliwe wobusuku oya e New York umzimba udinwe walilaphu lefadukwe le, ndangena kusasa ngo-Mgqibelo kulodolopu yezimanga ndaba ndi-yaqala ukuba nosuku olungena ntlanganiso, ndalala ndasi-

tyambele yonke lomini. Nge Cawa 10 January ndibuyele emsebenzini ndashumayela etyalikeni enkulu yabelungu e Pleasantville Church kathathu, ngo 11 kusasa, ngo 3 ngenjikalanga nango 8 ngokuhlwa ndirola itekisi ngetekisi ngokwe Bishopu ; yati ipela lomini ndaye ndingasafuni negqabi letapile kucubhuka. Ngom-Vulo 11 January, ubusika base Melika burole umoya ongena ematanjeni otsho ndakumbula ilanga lase Afrika xa ndikweliswa kuloliwe osinga e New Haven, Connecticut apo ndandilindelwe ukuba ndenze intetho e Yale University isikolo afundisa kuso ngoku u Dr. C. T. Loram. U Loram lo ndafika elila ngobudulu bentlalo yelilizwe kuba izicaka zakona zitsala £20 ngenyanga, inkuntyula yemali etsho wakumbula e Natal. Apa ndamkelwe ngemoto ngu Dr. Luccock oyi Profesa epambili eyandilungiselela intlanganiso yezityudini endabona nezama Afrika ase West kuzo. Isihlalo sasipetwe yinjinga engu Dr. Luther Weigle, D.Ltt., LL.D., D.D. esasinaye e Jerusalem. Yena entshayelelweni yake wateta kunene nangengxoxo yemfundo endamnceda kakulu kuyo e Jerusalem ndimlwela mhla abatunywa base England babenukuneza incwadi yake besithi ayivakali, mna ndisiti iyavakala kumntu onengqondo yokucinga. Apa ndathetha kwintlanganiso eyangena ngo 12 emini yapuma nge dinala endayitya kwa Dr. Weigle emzini wengcungcu emlom' ubomvu. Ndimke apo ngololiwe ka 5 ndayakufika ngokuhlwa e Hartford, esikolweni esiqeqeshela aba-Lungiseleli, endite ndashumayela kubo kwangobobusuku. Kwimibuzo eyabuzwa apo bandibandezela kunene ngemitshato yabantsundu, nabamhlope kuko iqela elifuna ukuba kwendiselwane, mna ndixhatisile ndigavumi. Ebusuku apa ndite ndakuba ndisapumile egumbini lam ndabuya ucango lutshixekile yayinkohla uku-

vula, ndazula, ndada ndayakuvusa abaleleyo kwesikabhadakazi ukuze ndihlanguleke kweso sintsompoti sendichachateka nzima yingqele. Ngolwesi-Bini 12 January intlaganiso ezimbini zakwalapa ziqale ngo 9 kwada kwayi dinala ndingapumlanga, kwaza ekupumeni kuzo ndaba sendisukelisa ulolilwe owahamba yonke lonjikalanga isituba se 170 miles ukudlulela e New Haven nase New York apo ndandiyalezwe ukuba ndihambe ngesitishi ekutiwa li Sango lesi Hogo (Hell's Gate) ndifunzele e Princeton University, New Jersey entlanganisweni yangokuhlwa eyayilinde mna.

*  *  *  *

Intlanganiso yase Princeton yayingo 7 p.m., mna ndagaleleka kona ngololiwe sekusele imizuzu elishumi ndatatyatwa yimoto eyabaleka ngokwesporho imaile ezintatu yaya kundingenisa entlanganisweni engqindilili kunene ngo 7 entloko, ndathetha kuyo ndinga banga nakusula nomlomo ngento etyiwayo. Ndathetha iyure evayo ndaya kulala kwa Dr. S. Zwemer D.D., Ph.D. umhlobo wam endafikela kwake e Cairo (Egypt) ngo 1928, ngoku seleyi Profesa ye Ntyilo-Zwi apa, ndalala umzimba ungasaxeli nto kudinwa, kucacile nokuba ndingangenwa lula nangumkhuhlane ukuba bendingatandazelwa ekaya. Hai, ke ndalala ndalahlekwa nalitshoba eli, ndavukela ebubeleni bamagqobhoka enyaniso awandiququzelela awashiya nesuntsu. Kwamenywa nezihlobo eziliqela, ezinye zipete amajelo emifanekiso eshukumayo (Bioscope) zandiraula, zanditabata zinditabatile imifanekiso pambi kwelobhotwe lomzi. Lite lakufika ixesha ndanduluka ngo 9 ukubuyela e New York ngesipehlupehlu sololiwe owabaleka akema ndawo de sayakungena kwa Nozimanga apo ndandicelwe ukuba ndithethe kwintlanganiso yomtandazo wasemini. Yanda-

nelisa kanye into yokupawula ukuti nakubeni ezixeko zikhulu zidume ngenkohlakalo amakolwa wona maninzi, aye exhatisile ukulwela u Tixo, etandaza, elindile. U-Sihlalo apa yayingu Dr. C. Tobias, intloko ye Negro Y.M.C.A. le yondla u Yergan kwa Nokoleji, ilunga lenyaniso, umfo onesithozela, onembeko yokongamela abelungu kulomitandazo. Ukupuma apo ndiye edinaleni esidlangalala yembeko kum kwenye ye hotele ezinkulu zase New York, i Gramercy Park Hotel, Lexington Avenue. Senyuka amabanga (floors) amaninzi ukuya eholweni yayo, kudekwe izimuncumuncu ezingena kubaliswa, wena. Imibuto eyayilapo yayi xube kakulu neyabantu abantsundu iyile :—Federal Council of the Churches, National Y.M.C.A. Council, National Association for the Advancement of Coloured People ; International Justice & Goodwill ; National Y.M.C.A. Board, Race Relations Commission ; Urban League ; Phelps-Stokes Fund ; njalo njalo. U Sihlalo yayingu Dr. S. Gulick, epahlwe etafileni epambili lundwendwe olungumna no Dr. George Haynes, Ph.D., lowa wayehambele kweli lizwe nge Komfa yase Fort Hare 1930 ; no Dr. C. H. Tobias, no Dr. R. R. Moton, Principal of Tuskegee ibhubhulura lendoda emnyama ngokwentsimbi, epete indawo ka Dr. Booker Washington. Andimlibali ngenxamleko awayenzayo ukuhamba 1,000 miles ukuzakundi khunga ngembeko, no Dr. Jesse Jones wodumo luka Dr. Aggrey. Kwezinye itafile yayiyinkungu nelanga abantu ; ndapawula kubo nomntu wezwe lakowetu u Miss Eva Mahuma, M.A. um-Sutukazi owafunda e Lovedale mzuzu, ekwaba luvuyo ukumazi. Umfanekiso wetu owatatwa apa wapapashwa epepeni elikulu eliyi *New York Amsterdam News* endilitunyelwe kutsha nje. Ndapatwa ngotando olungumangaliso apa

nditsala-tsalwa macalana onke. Umntu endingazange ndive netshengele ngaye ngu Marcus Garvey kuba asilo Melika, ngumdaka wase Jamaica, kwaye akuvakalanga nesebezo ngalama Melika siweva ngamaqaba akowetu esiti ayeza, ayeza, azakusi khulula ebukobokeni nakwi dyokwe yomlungu. Leyo ayaziwa mntu paya, ngu Notshe owafela e Ngcamngeni. Ngenene simanga indlela obuduma ngayo ubuxoki elizweni, kwanokutandwa kwobuxoki ngabantu bakowetu. He! Intlanganiso le yachazelwa ngu Dr. Haynes into endiyiyo e Afrika, iciko lomfo elatsho langati alizukuba sayeka. Eyam intetho yavela kweli pepa ndilikankanye ngentla. Ukupuma apo ndajikeleziswa kuyo yonke i New York siyikha amakhenke ngololiwe bangapantsi kwomhlaba, nangemoto, siwela ibloro zalowo mlambo ubukekayo i Hudson River owawuzele zinqanawa ezinkulu nezincinci, ndayi boniswa ne ofisi ye Nqubo-lizwi (Federal Churches) eyonganyelwe ngu Haynes olawula nabelungu. Yati kanti lendoda yingqongqoto apa, ipete nesikinindi sentombi ezintsundu ezibeta i type-writer ne shorthand imini yonke.

## E-HARLEM.

Ukubuya kwomhla bandisa esixekweni esiyi Harlem esatengwa sonke ngama Negro, apo watshabela kona u Dr. Aggrey ngo 1927, isixeko esikwayinxalenye ye New York, koko abantu abantsundu baqokelela imali ezinkulu batenga zonke ivenkile nezindlu zokuhlala bada bemka bonke abelungu. Namhla sesona sixeko sikhulu sabantu abangama Afrika elizweni kuba bangama 280,000 bebonke

kuso, baye bezimisele ukuwacacisa amandla abo entweni zorwebo, nangenqubela nempucuko.

* * * *

Kufupi ne Harlem le kuko isixeko sama Juda, i Bronx, ngegama, naso kutiwa sesona sixeko sikhulu solohlanga emhlabeni kuba ama Dyodi akona angapezulu kwawase Jerulasem ; kwanje ngokuba ama-Xosa ase Harlem angapezu kwawaku Centane, He ! Umfo ka Haynes waqala wandihambisa ngemoto yake, iqutywa ngu nyana wake wandibonisa ububanzi baso, ndapawula ukuba ngobude singangokusuka e New Brighton kudlule koma Sydenham nama Korsten, ne Bahi kuyekungena e Walmer, ukanti inani labantu linga yidibanisa yonke into emilenze mibini e Kapa nase Daimani nase Bloemfontein nase Durban nase Komani, ingama Afrika odwa. Bafondini, ama-Melika antsundu awamaninzi ngako, yimihohoma esuke yafongomala ndawonye ezindlwini ezine opstezi ezingapele ndawo. Nje ngokuba tina ba-Ntu base South Africa sizi 6,000,000 ama-Melika antsundu wona zi 13,000,000. Abelungu base England zi 46,000,000 kanti abase Melika zi 120,000,000. Ukusuka e Kapa uye e Pretoria zimayile ezi 1,000 ; kanti ukupuma e New York uye e California lowo mgama upindwa-pindwa izihlandlo ezine. Ngalinye yonke into yase America ingapaya kwengqondo zetu ngobukhulu nobungqindilili. Bendisati ke u Haynes undibonise ngangoko anako umzi we Harlem waqala ngokundibonisa amakaya abantu abamnyama nalapo ahlala kona okunokwake, ndaqonda ngokunqaba kwekhetshi (lifts) zokunyukela e opstezi ukuti okunene ndifike kumzi wabantsundu ngoku kuba sinyuke ngezika Tshiwo ukuya kwibanga lesitandatu endlwini yake ekulomalenga-lenga asesibhakabhakeni. Sipunge i-ti silapo wandalatisa

efestileni amabhotwe ngamabhotwe ezindlu zezityebi zama Afrika ezatenga imizi yabelungu yevenkile namakhaya. Pandle ndiboniswe imityino yemoto zamawetu, izilori, izi Sedan, izi taxi, kuba i taxi ze New York zizonke ngama 20,000 waye umthetho unyanzela ukuba imali omawuyihlawule uyinikwe ngepepa elishicilelwe yilemashini ibala umgama ohambe wona endaweni yokuxelelwa ngomlomo womnini-nqwelo, yaye inqwelo nganye mayibe nomfanekiso womniniyo negama ne adresi yake ne nombholo ye lesenisi yake ukuze angasindi xa enze ubutshinga bobunqalintloko kumntu wasemzini. Azibaleki ngako apa ezitrateni, zisuke zibe lutolo lwesaphetha, ibe ngamabona ndenzile kuti bantu ukunqumla indlela, Intsikelelo yama Negro isengqobhokweni ku Tixo. Nditsho kuba ndipawule unonelelo kuyo yonke imisebenzi yamabandla, inyameko ekuhambeni inkonzo ze Cawa, ukutyeba kweminikelo yokumisa ityalike ezinkulu nemali zokutumela abafundisi (missionaries) e Afrika, nokumthakazelela kwabo umntu omnyama opuma e Afrika xa eligqoboka nomshumayeli. Kwinkanqa yetyalike ezilapa e Harlem ndiboniswe ezintatu kwezona zinkulu, enye iyeyama Tiyopiya, enye iyeyase Wesile (A.M.E.C.), enye iyeyaba Phehleleli (Baptist). Ezona mvaba zinkulu zemidaka zimbhini kupela, yi Methodist ne Baptist. Amanani amaramente emvaba ezipambili ndawanikwa ngoluhlobo : Baptist 3,500,000 ; A.M.E.C. 1,000,000 A.M.E. Zion 500,000 ; C.M.E. 300,000. Noko ke andingemisi nyawo kuwo kuba ndawanikwa ngum Phehleleli, yaye lento ingumntu inganyali ukuzisikela enqateni. Okwamehlo am ndabona ityalike ezintathu ekutiwa zezona zidlula yonke into yabantsundu ngombilini. (1) Eyama Baptist, i Abyssinia Church eginya ama 2,000 abapulapuli ; (2)

neyama Methodist A.M.E.C., ekwangako; (3) neyama Ziyone ekwangako. Kwou! azinkulu ke wena ezocawe, zizitwexeba ezinegalali ngantatu ezidale isakombe esizungeleze iqonga le pulpiti elinekwayala enkulu emva komshumayeli kunye nesabhebhe sohadi (pipe organ) olubetwa nangenyawo, ingqumshele ibhasi yalo inge liyaduduma pandle. Umfundisi walapa ukwangako ubukhulu bake, wondlekile mpela, nguginy' itole wenene, umgamazi ungamxelelwanga kwa usalama isisu sake esiza, kuba iminikelo yalo tyalike yase Abyssinia kudibene neyeramente ngama £300 ngeveki. Um-Lungiseleli lo mhla eya kwi Sinodi, okanye i Assembly, unxitywa into ezintsha zodwa izihlangu, nojobela, nenkonyana yomnqwazi libandla lake. Ndide ndati okokuba bekunje apa e Afrika inene ngesingaba fundisi sonke, hi nje?

* * * *

Umfo ka Haynes wakhuthala ngokomntu ohlaulwayo ukundibonisa izimanga zase Haarlem, ecokisa enga ndinanzi ndakulila ngokudinwa kwomzimba, ibe kukhona andirwiqizelisela kundawo ezintsha. Ukusuka ezityalikeni undise kweyona hotele iqhubileyo yaba Ntsundu, i Y.W.C.A. "caffeteria" ese 135th Street and 7th Avenue. Eyona nto indivuyisileyo apa kukubona yonke into ilawulwa yimidaka nembhelukazi ezifundileyo ukususela kubapati abapezulu kuye kwizicaka zokugqibela ezantsi, betobelene, betembene, benyanisekile ekupatweni kwemali, nasekucokisweni kwomzi lo ngokwamasiko entlanga ezihlambulukileyo kwapela. Ababantu sebefanelwe kukulilawula ilizwe abakulo kuba sebegqobozile bangena nasenkundleni yepalamente apo bebekade bevalelwe ngapandle njengati. Ndincome indembelele yentokazi epete i ofisi epambili, kwa nofafakazi olwamkela imali esigqebeni

esingasemnyango, kunye nenzwana ekangela abapheki isalata paya napaya ngomnwe, ihombe tu, nentokazi ezingabaququzeleli (waiters) bendwendwe zinxibe ifaskoti ezimaweza ezingahlalwa mpukane. Emveni kokuba sityile siboniswe onke amagumbi omzi lo, wanga yisinala ipela, alapa amachibi amakhulu okuqubha (swimming baths), alapa amakwenkwana o-Vulindlela ethamba (drill) efundiswa ligagadele lentsizwa eyomeleleyo ngokuka Tom Nkosinkulu, zilapa iklasi ezifundisa imithungo, zilapa neholo ze konsati, nemidaniso, awodwa amagunjana okuncokola ngokute gu-bucala (private), ilapa indawo yokufunda amapepa nenewadi (library), ilapa imidlalo ye billards nekhadi, ndisabala ntonina uphelele nje lomzi, bepuma bengena abantu bendidi nemibala yonke, endide ndabona nabantu abafana nqwa nabasekaya kuba ndibone into ka Somtombo wase Ngcobo, no Febrias Cweba wase Rabula, no Rev. Elkanah Tsewu wase Bhai, um-Qocwa nqo nentamo le, no Beatrice Msweli, e Tyumie, umatwa yena, no Foss ka Mankazana e Rautini ingu Ntshangase kanye. Simanga ukufana kwabantu abangazaniyo emazweni aqeleleneyo. Ute akubeta u 7 yanqumama yonke into endlwini kuba seyilisiko kulo lonke ilizwe lase Melika pakati kweveki okokuba ukususela ku 7 kuse ku 7.15 ngokuhlwa kupulapulwe kwi Radio Wireless incoko yamadoda amabini antsundu encokola izinto ezihlekisayo. Lamadoda ngo Amos and Andy enye inezwi elikhulu lebhasi, enye ilula, aqeshwe ngewaka leponti inye ngonyaka lishishini le Pepsodent elenza iyeza lokuhlamba amazinyo. Nokokuba ufikele pina uyakufika lamadoda esaziwa, kuhlekwa isiqharala. Akuko msebenzi wumbi wenziwa ngalamadoda mabini ngapandle kwalento. Anenyhweba yokuzuza isonka sempilo elele imini yonke,

asebenze lomizuzwana ngokuhlwa. Sipume apa sagqogqa ivenkile zabantsundu zentlobo ngentlobo, ezokutya, nezempahla yokunxiba, neze furniture, ndafumana ukuti ukusulwa kwezihlangu lishishini elimi nqi, elakhelwa amaqonga ezitulo, wena uhlale uewanyile paya pezulu abe umntu ekusula izihlangu ngezantsi atsho zibengezele de zibe sisipili esi, akubize isheleni akuphetha. Baninzi abaphila ngulowomsebenzi wodwa. Omnye onamandla ngowokuguqula inwele nendevu nokuchuba inzipo, nokunqal' intloko, nokunyanga ukutyabuka kwenzwane zihlangu, nowo kolula inwele zohlobo lwetu zenziwe zibende ngokogwali lombhona, zibe ngeaka njengeza belungu, pofu zibuye zifinyele ngokoboya begusha mhla zadibana namanzi abandayo. Ndabona namachule afaka igolide emazinyweni namanye amagqira amnyama; zalapa neholo ze Bioscope ne Theatres zabantsundu. Ngalinye akukonto iwoyisayo ama-Melika amnyama kwinrwebo yempucuko. Isixeko se Haarlem ndisijikele ndanela kuba kwakuse kuqaqambha nomhlana lo ymdino, ndabe ndisamelwe luhambo lobusuku bonke ngololiwe ukusinga e Philadelphia nase Atlantic City. Okwenene ke u Dr. Haynes undipeleke ngemoto yake umgama ozimayile ezilishumi sicanda kwingxinano elumezayo ye moto zase New York ukusinga e Pennsylvania Railway Station, umpongampo wesitishi ongalizalisa lonke ibala lemalike yase Mgungundlovu. Lomhlobo undishiye apo ngo 11 wasebusuku, ndalala ebhedini edla iponti okobobusuku, ndidinwe ndalitumtum.

* * * *

## KU-DR. J. E. EAST.

Sihambe ubusuku bonke kwayakusa singena e Philadelphia ekuseni ngo 7 wakusasa ngolwesi-Ne 14 January ndaza emva kwe xeshana ndangena kuloliwe oya e Atlantic City, New Jersey edume ngokuba yeyona dolopu yomgcobo waselwandle iyiwa ngabona bantu baninzi elizweni, kuba nakubeni abantu abahlala kuyo bengama 60,000, abantu abasela impepo esitrateni seplanga eyakiwe pezu kolwagciba lolwandle kuyo baba ngama 50,000, ngelanga, baxele inkumbi ezipezu koqaqaqa. Kuledolopu bendisiya kuba ngomnye wezithethi ezinyuliweyo e komfeni yama 39 ye Foreign Missions of North America eyadubula intsuku zone. Mna ndiyifumene ikusuku lwesithathu ndahlangatyezwa ngumhlobo wam omkulu u J. E. East umbingeleli endancedisana naye ukuseka umanyano lwaba limi ngo 1918 e Xesi, endamgqibela ngo 1920. Ndigile abelungu pakati kuloliwe ndakubona u East pandle ngefestile endifuna, yena engekandiboni, ndaya ndingasanyateli ukuyakumbamba isandla, sapantsa sangana ngokwamankazana luvuyo lokubonana. Yekake ingxolo yetu kulontswahla yokothukana, satsho babukela be-xhonxosholo nabelungu, wena waka wawabona amanxila edibana enkantini sekudala agqibelanayo. Bade baphela abanye abahambi tina sisaphambhene ingqondo luvuyo. Sithe sakuwathoba amaphaphu saya e Waiting Room sagqiba iyure yonke sibuzana ezipambili, sesiyilibele nekomfa esiya kuyo, akabisavuma nokuba ndiye kwihotele yabelungu endandabelwe kuyo, wanditsalela kweyakhe ema Xhoseni. Unkabi ndifike seleyingwevana entsha njengam, wandibuza endibuzile ngabantu base Qanda bexesha lake ngo 1920, ade abuze nabangasekhoyo

nabasebatshiphela ezidolopini. Siye ekomfeni ngexelegwana lemoto yake awandihlekisa ngokuti wayitenga ngabom ilixekexwa kuba abantu abamnyama abayiroli iminikelo kumfundisi osityebi esijikeleza ngomkango wemoto. Intlanganiso siyikumbule seledlule namaxesha saposwa ngamabakala aliqela, kanti napaya kuyo ndiza kufika beliqela abantu endibazela e Jerusalem nase Buffalo o Dr. T. Z. Koo, Dr. Buck, Dr. Mott, Dr. Speer, Dr. Basil Matthews, njalo njalo yayenye into emandi ukuhlaziya utando lokwazana. Ingxoxo andibanga sazingena nzulu kuba intliziyo yayi seyikumbula ekaya e Afrika ngoku kodwa kuba iposi endafika indilindile apa yafika inemifanekiso yabantwana bam no Nolwandle, ifoto esayitabata lomhla ndemka e Dikeni, lofoto ndayipangwa kwangoko ngokusuka ibonelelwe xa ndiyivula ngamalungu ekomiti engabamemi bam, basebeyidywida unangoku, kwaye bekuzakusa ndisiya kukwela kwinqanawa yokugoduka. Idinala siyitye ehoteleni yabantsundu kwaza ngo 9 emva kwe ntlanganiso yangokuhlwa u Dr East wanditsalela enkonzweni yapakati kwe veki etyalikeni yama Baptizi enkulu kunene, enokuginya iwaka. Besihamba nexego lomfundisi u Dr. Graham, um-Cira yena kuba ndamfumana efana twa no Dr. Rubusana ngobuntanga, ngoburharha nangobungxilimbela kuba yayingumphampalala wendoda. Isimilo sababantu, i Negroes sifana kanye nesama Afrika, ukufika kade etyalikeni, nditsho kuba bangena ngokungena, bevela emisebenzini yokuqeshwa, oko singene ngo 9, bada bangena abanye naxa sekusamkelwa ufefe lokucitakala. Ipulpiti itatwe ngu East, tina no Graham simpahlile, yavulwa inkonzo ngo 10 yakungati ibuzala icawa. Umfo ka East ushumayele isiqhazolo, njengoko abamaziyo bebuqonda ubushu-

shu bemvuselelo yake yohlobo lwase Melika, ecikoza, egqusha, enatuza, egqwashula, elila, ebonga, ekhomba ngalo womnwe siwaziyo, ungumvinqi oqongo, esebeza, ekhonya, ekhenyeka, ezimka, ehesha, eshwabadela zonke zonke izango zabavangeli bakwa Dyani. Inene akuvanga-nto wena wawungeko, yo! Uyathetha lomfo, icala lake linye. Utsho kakulu ngencazo yomsebenzi wam naye ngolimo ne mpumelelo yawo, wati eselapo weyela ezi-Bhalweni watsho esizibeni, mfo, Kwalile ngo 11.30 wati needa Dr. Graham uhlabelele u "Dr." Jabavu enye yengoma zamakhoboka esizalwa ngawo, endala yona, ukuze um-Ngqika lo akwazi ukubalisa akugoduka. Watsho kwinto ebiseyisitsha zintambo kakade um-Cira lo; yeka ke acula ama-Melika arola ingxizakwe endingayaziyo nam, amadoda eyiqolosela ibhasi ngokungqumshela, amankazana arhilirha, ndapants' ukungenwa lufefe lwase Wesile.

*    *    *    *

Lengoma yama Melika itsho ndasikwa yinto ezantsi ematunjini, yati igqitywa waye endifaka u East ukuba nam ndishumayele. Utsho kwinto ebiseyinqwena kuba besendisulelwe bobushushu bake, ndalibala nokulunguza esitofileni (iwotshi) ukuba kuxesha linina, ndaqala ngokusinga emva emabalini, kwizigigaba zokuseka kwetu umanyano lwabalimi, inzima esazitwalayo sijikeleza ilizwe lasema Gqunukwebeni nalasema Mpehleni ezintabeni ze Bukazana no Matole no Qoboqobo ne Debe, nenkani zamawetu awayesiba ayakwazi ukulima engazi nto—yeka ke ndemka kakulu, ndajika sekunini ukubuyela kulemvuselelo sikuyo, sizele nqi isisu ngumoya wokushumayela. Ndine ntloni nokulixela ixesha endayeka ngalo. Yanela mlesi xa nditi saya kulala enzulwini zobusuku sebabeta

kudala no 1, simanzi nehempe ezi kukuntyongotya, asalala nasekaya yincoko yamavo ezibhedini. Ngolosi-Hlanu 15 January sivukele ekomfeni eyayi qoshelisa imicimbi, indim isithethi sokuvalelisa, ngesicelo sokuba ndishumayele nge-" Ntsingiselo yom-Nqamlezo Ezweni Lanamhla (The Meaning of the Cross in the Life of the World To-day). Ndincedwe ngumoya we pezolo, yanam i Nkosi. Mandiyishiye ingako. Ukupuma apo ndeva nase zibilinini ukuti ndiwufezile wonke umsebenzi ebendiwelele wona, kufanelekile ukuba ndiwubhekise ekaya umbombo ngoxolo. Ndilibele ukuti isopolo yapezolo ibeyeyembheko engumangaliso. Abapati beyona hotele inkulu e Atlantic City, Haddon Hall Hotel, ihungehunge wena, elimagumbi ambejembeje, bamema u Dr. Mott nam okokuba sibe zindwendwe zabo edinaleni yangokuhlwa sipahlwe ngamapakati etu u Dr. East no Basil Matthews nabanye, ndeva ngo East ukuba lehotele ayingenwa ngabantsundu, ngoko ke indenzele imbheko engaqelekanga. Hai ke satya, samunda, sagununda, kusoyikeka nokuncokola kuba ndandiqala ukutya nalengqwalura ingu Mott, isikuni somhlakoti, umfo onesitunzi, ndeva ndinombulelo onzulu ngalembheko. Mandicapule apa ngesi-Ngesi kwiewadi esand' ukufika ivela ku Nobhala wale Komfa. Uti : " I write to express to you our appreciation for the blessing which you gave us at the meetings of the Foreign Missions Conference in Atlantic City. We greatly enjoyed having you there and I can assure you that it was a real inspiration to the members of the Conference to have you speak to them. You gave us a message which was just what we needed at the close of the discussions which we had during those days. Mr. Bell, the manager of the Haddon Hall Hotel, who entertained us so graciously at

dinner that evening, was very much interested in you and in your work and asked me a great many questions about you which I found it impossible to answer. We had most pleasant memories of your visit to the States and hope that we may soon meet again." Zifika zifikile incwadi eziyelele kule ezibonisa intsikelelo awandipeleka ngayo u Somandla ngemitandazo yamawetu koluwelo. Ukumka e Atlantic City malanga u East wanditwala ngemoto yake, kodwa ngenxa yokwalupala kwayo ilungiswa ukohlokohlo nenkonkosi esesifubeni yalidla lapelela e Garage ixesha lohambo, sanduluka sekukubi ndisemngcipekweni wokushiywa yinqanawa yam e New York. Wayefuna ukuba ndike ndibone nosapo lwake e Philadelphia. Indlela ngama 70 emayile. Yonke igangatwe ngesamente emnyama yetela, yaza yasikwa ngemigca nhlope yekalika yazitrata ezitandatu, ezitatu zokuya, ezitatu zokubuya. Kuvulwe okokuba imoto zibaleke ngangamendu ezifuna wona kwisitrata esipakati. Efuna ukuyishiya ngemva le ipambi kwayo mayiyicezele isikise ngomgaqo wasekohlo; efuna ukuma mayipumele kowasekunene apo zikona izitishi ezitengisa i petrol kwimayile ngambini, yaye i petrol apa iyi 6d. nge gallon. E-England yi 1s., apa 2s. Umfo ka East uyivutele ndabamba amazinyo, senditandazela esifubeni ukuba singahlelwa ngozi. Okunene sihambe sasinda ebubini kwati xa sizakungena emdeni we Philadelphia, Isi-Xeko so Tandano lwaba-Zalwana (The City of Brotherly Love), ndabona isimanga sebloro yokucancata pezu kwomlambo i Delaware River. U East ute le yiyona bloro inde ehlabatini, izimaile zontatu, ibanzi kangangokuba imoto zipambana ngasibhozo pezu kwayo, ezine zingena, ezine zipuma ngolotyungutyungu lwentsimbi ezingxakangxaka.

## UKUBUYA.

I-Philadelpia le ngumwunguwane wesixeko esinambuzela abantu abazigidi ezibini, oko kukuti asinagxa e Afrika kuba ungafanelana i Johannesburg uyiqala e Randfontein uyipume nge Springs ingaginywa izihlandlo ezilishimu yi Philadelphia. Sisinanabesha somzi, zinkosi. Tina no East singene sekumatunzi, satyikityelisa kulonkonkobala yezitrata ezixinene ngabantu, zimoto nazilori sayakungena e ofisini enkulu yabantsundu i Foreign Mission Board of the National Baptist Convention, 701 South Nineteenth Street. Siyishiye ingatshixwanga imoto pandle, sangena ndaboniswa ilitye elishicilela i *Baptist Herald* sacubunga yonke into elapa kunye ne ofisi zamanenekazi ango nobhala, ndaqonda ukuti bahle kwapela abafazi abantsundu xa befundisiwe bagqiba banayo nelotyi yokuzinxiba ngohlobo lwempucuko. Emva kwexesha silapa site ukubuyela emotweni safika amasela evulile emka nempahla eyi suit case kwimfumba ebilapo, kwaza kwehla isimanga sokuba eyam isinde, ndaqiniseka ukuba yimitandazo yama Afrika kuba zazilapo zonke itikiti zenqanawa zokundisa e England nase Kapa ne Passport engenakutengwa nangemali xa ilahlekile. Okokuba yayibiwe ngendisese America unanamhla, ndingumkhonyovu oxakwe licebo lokugoduka. Ma-Afrika, ngenene ningabonqena ukutandazela umwenu oseluhambeni kuba zininzi ingozi zake. Edolopini sidlule kwi Pennsylvania University etabate isitrata esikulu imi yodwa, apo kufundiswa indlwababevu zemfundi sayiputuma ilapo intombi ka East u Gladys, endayigqibela isafunda ukuthetha e Xesi, ngoku seyidlule kwi Matriculation ifundela ubugqira ngebhongo lokubuyela kowayo e Qanda ukuzalisa ilinga letu lokuba sibene-

gqira elintsundu e Xesi. Ngenene ukutyiwa kwesidudu siyayingwa, yonke into entle igqibela ngempumelelo kumzingisi. Yekani amabeta 'mbhiliba amagwala. Ndingene endlwini ka East sekusele imizuzu embalwa yokokuba ndisukele ukoliwe oya e New York estemeleni. U Mrs. East ndifike isengulowa sasimazi e Qanda ukutozama nobubele nemfanelcko epeleleyo yokuba ngumfundisikazi ndafika sebebaninzi abantwana bake endingabaziyo abafumene selebuyele e America, sebebakulu abemka bezintsana e Afrika. Ndiqawule ndiginya ukutya, iliso lise wotshini ngenxa yamava endinawo okuba akuko nto ikuposanisa netreni njengokutya, nezibele zabantu abangahambiyo bona. Mna ndixolele ukukwela ndingatyanga kunokusukela ukoliwe ubefuzela ulikhefukhefu liphika uhluti ungumpatsiya zibele osuka kuzo zabahlobo abazonwabeleyo kwawabo amakaya. Okunene ndizishiye ipudini zisiti, hai, ndabulisa ndela ngemoto ka East ingasenasitwayi ngoku sabehle safika kuloliwe sancokola ezokugqibelisana, edimema okoba iholide yopumlo (furlough) olulandelayo ndiyicitele kwelase-Melika, nam ndiqonda ukuti ziliqela izizatu ezinokubangela ukuba ndenjenjalo ukuba andikafi. Hai ubuhlungu bokwahlukana nomntu enitandanayo naye, yinto eyelele kumphanga, yaye indikumbhuze u July 1921 mhla ndayakukwelisa u Dr. Aggrey e Monti, imini eyababuhlungu ngokungati sesihletyelwe ukuba siyagqibelisana okwenyaniso emhlabeni ukubonana ngamehlo. Okokuba abantu abasebenza umsebenzi ongcwele wokunceda uhlanga ngezipiwo nangemfundo yabo bebenokuhlalisana ngobuhlobo notando lwenyaniso, bangazivumeli izipazamiso zomona, nekwele, nokulahlekiswa zintshaba zibahlula-hlule, ngeyiba i Afrika le inabaneedi abaneleyo bokuyihlangula ebukobokeni. Onyana

bayo ngebesenza izinto ezinkulu. He ! Ama 86 emayile ukuya e New York abe liceekwa kwisikwabakwitshi sololiwe owanditwala ngo 7 ukusuka e Philadelphia ndayakuhla ngo 9 kwa Nozimanga. I-taxi yokundisa e ofisini ye Student Volunteer Movement apo itikiti zempahla yam zazikona indidle 12s., ndafika kuvaliwe, ndarola i 14s. yokuba indihambise 8 miles ukuya e Brooklyn enqanaweni, sayiwela i Hudson River ngomxwentsa webloro ndayakufika esikhepheni ngo 11 sekushiyeke iyure enye okokuba sinduluke ebusuku, ndafika sendilindwe apa ngumfana omhlope obetunywe nempahla zonke zam neleta ndayakulala ndisikhemekheme kudinwa enqanaweni yama-Jamani i Bremen eyeyona nqanawa inamendu emhlabeni. Ibaleka amashumi omatatu anantlanu emayile ngeyure. Ayintle ngako, yinceekece le, isincungulu esimnyama esibude buzi 895 feet, ububanzi 103 feet ubunzima 51,656 tons, umlauli ngu Captain L. Ziegenbein, iqukunya le Jamani.

*  *  *  *

Ama-Jamani ndawafumana ezidla ekhabasa ngalenqanawa yawo i Bremen, esiti yinkunzi yazo zonke ezikoyo ehlabatini ngamendu (Champion Ocean Greyhound, Winner of the Blue Ribbon for Speed in the Atlantic). Ngobunzima ishiywa kupela yi Majetic, ne Berengaria. Abahambi yayingama Jamani odwa embalwa ama-Ngesi nama Frentsi, indim ndodwa um-Afrika. Intetho ndafika isi-Jamani, nezaziso, noludwe lokutya into eyaba sintsompoti kum xa ndise dinaleni kusitiwa manditye ezizinto : Tomatosuppe, Kraftbruhe in Tisse, Gefullte Kalbsbrust, Bratensaft, Hasche Braune and Petersilie kartoffeln, Karotten in Rahm, Lettischsalat, Fruchtkuchen, makkaroni mailander, machtmittags, Kaffee, tee, kuchen. Tolikani ke makumsha,

kuba mna ndisihebetu apa. Ngangompakamo waso pezu kwamanzi ndandinyuka amabanga (floors) amahlanu ukuya kumgagato woku bonela ulwandle, kanti aseko amanye omane ngentla apo i ofisi zabaqubi bocingo zikona. Iholo yokutyela yayisesitendeni emva, indlu endilala kuyo imalunga pakati embindini wesikhephe emandihambe amanyatelo angamakhulu amane (400 yards) ukuya kuyo, yangumsebenzi ote nqi ukusiwa kwempahla yam apo. Ngenxa yokusindwa butongo ndilale kwango 11 inqwelo yona yanduluka ngo 5 minutes past twelve ebusuku sekungum-Gqibelo 16 January mna ndotuka ekuseni sekudala sibaleka sesiwagqibile ama 241 emayile ngalontsasa yodwa kuba siqakata ama 35 ngeyure! kwakuxinene ngabantu izinginginya ngenginginya abahambi, amaqebera odwa amadoda, ngokukodwa umlauli (captain) into ka Ziegenbein, intw' emhlana uluxangxati, inequkunya leqeba, eti yakudlula kuti sihleli sipakame kwa oko ukukhahlela, A ! Ndabezita ! Igubu lamaxilongo lali betwa zibokotyela zamajoni into ezitsho isigodlo esi siqongoze wena. Indoda endandihlala ngakuyo etafileni yayingu Herr A. Powleit owayilwa yonke imfazwe yama Jamani. Xa endibalisela uti wayeselelijoni eliqinileyo ; wangena kwasentloko ngo August 1914 e Luttig wapela lowonyaka elwe kumadabi ase Maas, Antwerp Endernande, Ghent, Thouhrnt, Dixmunde, Ostend, Ypres. Ngo 1915 Ypres, ngo 1916 wenzakaliswa walala esibhedlele, wavuka nge 1917 walwa e Russia, Warsaw, Ivangorod, nase France, wabuya wenzakala zimbumbulu e Cambrai walala, wabuya wapakama ngo 1918 ekupeleni, walwa de kwangu 1919 e Perrone, Braysons, Somme, Ancre, watinjwa ngama-Ngesi eraxwe yityefu yegesi ngo October walibanjwa e Hull, England, wakululwa lwakufika uxolo ngo November 1919. Ibali

lalomfo ndalicoselela kanobom kuba ndandiqala ukuhlangana nomntu oyilwe wayigqiba lomfazwe ngecala lama-Jamani. Incazelo yayo ikwi ncwadi egama liti " *All Quiet on the Western Front*," etsho umfundi ayicapukele imfazwe ngenxa yamanyumnyezi ayo. Nge-Cawa 17 January sihambe 618 miles sangase Nova Scotia apo kwavutuza umoya obandayo opuma e Nyakato (North Pole). Ngom-Vulo 18 January 624 miles, umgama olingana nokusuka e Bhai kuye ngapaya kwe Kroonstad, amaza olwandle azintaba, bagula nqi abahambi, ngolwesi-Bini 19 January 625 miles indawo engango kusuka e-Springfontein ungene e Kapa ngosuku olunye. Ngolwesi-Tatu 20 January 629 miles isituba esiqala e Cookhouse singene e Rautini, safika kusasa ngolwesi-Ne 21 January e England, sinyatele 3,126 miles in 4 days, 20 hours, 12 minutes umgama ongangesingata sokupuma e Kapa uye e England. Bafondini iyabaleka lenqwelo yincameni, awafumananga anelunda ngayo ama-Jamani. Ubuhle bayo ngapandle ndabuqondisisa yakuba inditulele kudokolwana emanzini e Southampton yona induluka isinga kowayo e Germany, ifaneleke ngokwentaka umcwangele, mhlaumbi ilowe, xa lizidla ngobuhle, ndeva ndisiti, Awu ! upina u Mqayi ayibonge enze amatshamba, njengamhla wabonga u Major Geddes ekuvulweni kwebhotwe lemigcobo, iholo kwa Ntselamanzi nyakenye, mini sapants' ukuqubul' iminqayi sibet'abantu kungeko tyala. He ! E England ndilale olosuku lodwa, kwasa ngolwesi-Hlanu 22 January ndikwela kwi Arundel Castle eya e Kapa, ikaya lam elimyoli sendimile amapiko ligugu lokugoduka. Kute kanti ndikwele nqanawen' inye nama Bhulu e Rugby Springbok Team egcadiya ngokoyisa amabuto ase Scotland, Ireland, England, Wales. Bafanele, kuba bomelele ababantu,

yimisilangca, amaqutu amadoda, amizimba iyimisipa qwaba, onke made, asizoziqula ; zipi izipika nenkonyana ? amaxhonti uboya, izandlunya ! amadlagusha ! Nam andenqene ndoda ngentamo le kuba ndinxiba i collar 18, kodwa intamo ka Baas Mostert yatsho ndancama, ndati sixhinga esingati sikubete ngempama afana neka Morris Somtunzi mhla wabeta igxagxa e Sophiatown itshoba lingalala umbete !

* * * *

Omelele onke lamadoda e Springbok Rugby Team, ngokukodwa i Forwards o Boy Louw, Bierman, Daneel no Forrest. Ingxilimbela yona ngu Bergh, ugozololo olupaya, inzwana. U Craven nakubeni eyi scrum half ungangam ngobude nobunzima (185 lbs), intw' enentsinga yendodana. Banobubele bonke, futi beze kundihambela kwa Third class banditate ifoto, okunye bandise e First class apo bahlala kona befuna ukuva indaba zohambo lwam, babe nabo bendibalisela ngemidlalo yabo ngokukodwa u Daneel kuba ngu maneli owashumayela isiqazolo nge-Cawa ; u Craven yimfundi, i B.A. efundela ubufundisi (missionary). Ndibone nabanye abantu abatatu endibaziyo, o Rev. D. Wilson, M.A. no Miss Southern, base Lovedale no Mr. A. Ball, M.A. wase Nxukwebe, yangu Ball opuma emabaleni ukuzazisa ukuba uyazana nam, wandilwela kumvalo webala akubona ndisenziwa ikheswa watsho ngobhintshintshi, sitetisana ne gosa lenqanawa esada saloyisa ngo suku lwesibini, ndasalata esona situlo ndifuna sona ecaleni ko Ball, saba siyaqhelana nalomfo kuba besisazana bungcotshongcotsho, yaba ngalento iyavuleka indlela yokuba nditandwe ngabahambi, beliqela abamana becela u Ball ukuba andazise (introduce) kubo, nangenxa yokuba yonke into eyingoma yayibetelwa ndim epiyaneni nabaculi ezikonsatini, ndaloleka zezo

praktizi kuba ekaya sendaluyeka uhadi ngenxa yokuxinwa yimisebenzi yekoleji. Kuninzi lwabo yayintsha into yokuhlala ndawonye nomntu omnyama, yantsha neyokuba kanti kunokuhlaleka ngoxolo naye, kuba bona bondliwa ngamampunge entetho zase Palamente eziti tina sizirelemnqa. Pakati kwabo kwakuko ne Communists, omayitshe bona. Enqakwini lesitandatu kwelibali benditembise ukwenza amagqabantshintshi ngenqanawa i Majestic, isiququmadevu esiya. Nanga ke :—Yeyona inkulu kuzo zonke ezidadayo, manene. Ubude 915 feet, isiqu 56,621 tons ubunzima, omatiloshe 1,000 ; abahambi 2,000 ; ikati zokubotoza impuku 20 ; iglasi ezapuka ngohambo olunye 200 ; indleko zokwakhiwa kwaso £2,000,000; ukutya kuhambo ngalunye 42,000 lbs fllour ; 36,000 lbs imifuno ; 3,400 lbs ; iziqhamo ; 32 tons itapile ; 3,600 lbs ibhotolo ; 2,600 lbs ikofu ; 1,400 lbs i-ti ; 48,000 idazini zamaqanda ; 300 onompotwana beswekile ; 6,000 amatunga (gallons) obisi ; 55,000 lbs inyama yemilu yenkomo ezimashumi osixenxe ; 6,200 inkuku kudibene noranisi nekalkuni namadada ; 2,100 lbs intlanzi, wonke umhambi evulelekile ukuba atye ahlute abeyimbhutsela. Intlaulo yabaqeshwa yile, £1,000 ngonyaka kumpati (captain), £600 kwintloko yamagumbi okulala (chief cabin steward) £100 komatiloshe. Yidolopu ipela inqanawa le. He ! Mandibuyele kwi Arundel Castle ngoku. Lomhla sanduluka e Southampton sanela nje ukuhamba imayile ezintlanu semiswa yinkungu imini nobusuku bayo, isitukutezi, satabatisa ukuhamba ngecawa 24 January senza 358 miles, kwasa senze 405, saba singena e Madeira 403 ngolwesi-Bini, e Teneriffe 366 miles ngolwesi-Tatu, e Cape Blanco 411 nge 28th, e Cape Verde 401 nge 29th sayibona cace idolopu yakona, 390 nge 30th, e Liberia 403 nge 31st, Equator 372 nge 1st February, Congo River 369

nge 2nd, Bukama 385 nge 3rd, St. Helena 370 nge 4th seva apo ngocingo ukuba umpati omtsha wase Lovedale u Dr. Wilkie uyivulile losinala, Limpopo 375 nge 5th, Johannesburg 387 nge 6th, De Aar 356 nge Cawa 7th, kwaza ngom-Vulo 8 February senza 224 sangena ekuseni e Kapa siwahlanganisile ama 5,996 emaile, lwaza oluwelo lulonke lwangama 24,051 emayile, itoro yomsebenzi wena leyo! E Kapa ndigangwe zibele zentlanganiso kwa Ndabeni eyenza 11s. 8d. yompako ngapandle kwe 2s. 6d. Rev. and Mrs. Matshikwe, 2s. 6d. Aloes Mos, 5s. J. Stena, ebuhlungwini bemfuduso yakwa Langa amadoda ezipete ngezandla ibedi nematrasi ngetreni nangelori, kusinda kupela lawo ayipulapulayo intshumayelo yam ngo 1927 ukuba afake amagama evotini. Olunye usizi kum yimipanga endaqala apo ukuyiva yabantu abakulu endabashiya bepilile, o Saul Mankazana, e-Ngqushwa, Jonathan Mkwane, Hezekiah Ndobe, J. Moko, e Qonce, Spurgeon Heshu e Monti, D. D. Stormont, e-Blythswood, Edward Tsewu, e Bai, Dawson Gasa, eba-Tenjini, Crouch Macanda e-Tamara, John Sishuba (inkonde ebi 91 e-Hewu), Twaini Gqomfa, e-Dikeni no Ma u Mrs. Ebba Damon Ntlabati e-Monti, no Albert Nopondo e-Monti namadodana o Tandi Jabavu (ka-Bawokazi) e-Bechuanaland iqikili le C.A.T.A., no J. Mompati e-Bloemfontein, no Felix Mahlangeni e-Monti. Ngxe, Somandla, Taruni milowo, nilale ngenxeba, akuhlanga lungehlanga, nixole, sendikhuza njalo kuba aliko kum icebo lokunikhuza ngabanye ngenewadi nangesiqu ndilila nani nonke. He! Ndifike ekaya nge 12 February lupilile usapo. Ndisebenze 48 lectures pesheya, ne 18 kwa-Ngqika koma-Xesi, Sheshegu, Bofolo, Dikeni njalo njalo. Nango-ke amabal'engwe amanzitinziti okukonza isizwe. Ngamana lomgudu wazala itamsanqa, kumzi ka-Ntu. Ncincilili.

